Ekugqibeleni, ndingathanda ukudlulisa umbulelo ongazenzisiyo kumalungu ekomishini yangaphambili ngemibono negalelo layo lokukhuthaza iinjongo ze-WCCC. Ukongezelela, ndinqwenela ukuvuma inkxaso nesikhokelo sikaMphathiswa u-Anroux Marais.



---

Jane Moleleki  
UMcwangcisi-mali oseMagunyeni  
IKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni

**Umhla wama-31 kuCanzibe wama-2019**


## 5. INGXELO YOXANDUVA NENGOQINISEKISO YOCOSELELO

Ngokolwazi nenkolelo yam, ndingqina oku kulandelayo:


- Zonke iinkcukacha nezixa zemali ezivezwe kwingxelo yonyaka zivumelana neengxelo zemali yonyaka eziphicothwe nguMphicothi zincwadi-Jikelele.
- Ingxelo yonyaka igqityiwe, ichanekile kwaye ayinaziphene.
- Ingxelo yonyaka ilungiselelwe ngokumalunga nezikhokelo ezikhutshwe nguNondyabo kaZwelonke.
- Iingxelo zeMali yoNyaka (iCandelo E) ilungiselelwe ngokumalunga noMthetho woLawulo lwezeMali kaRhulumente, we-1999(uMthetho woku-1 we-1999) icandelo lama-55(1) (d) necandeki lama-28.2 lemigangatho yemimiselo kaNondyabo kaZwelonke elifaneleke kwiqumrhu likarhulumente.
- Umcwangcisi-mali osemagunyeni unoxanduva lokulungiselelo lweengxelo zemali zonyaka nezigwebo ezenziweyo kwezi nkcukatha.
- Umcwangcisi-mali osemagunyeni unoxanduva lokumiselwa, nokuphunyezwa kwenkqubo lolawulo lwangaphakathi oluthe lwenzelwa ukubonelela ngengqinisekiso eyiyo enje ngengemfizeko, nangentembeko yeenkcukacha zokwenziwa komsebenzi, iinkcukacha zemicimbi yabasebenzi neengxelo zemali zonyaka.
- Abaphicothi-zincwadi bangaphandle bazimisele ukuveza uluvo oluzimeleyo kwiingxelo zemali zonyaka.

Ngokoluvo lwam, ingxelo yonyaka ibonisa ubulungisa bemisebenzi, iinkcukacha zokwenziwa komsebenzi, nemicimbi yemali yequmrhu likarhulumente ngonyaka wemali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2019.

Ozithobileyo



Jane Moleleki  
UMcwangcisi-mali osemagunyeni  
IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni  
**Umhla wama-31 kuCanzibe wama-2019**



Chuma Fani  
UMhlali ngaphambili  
IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni  
**Umhla wama-31 kuCanzibe wama-2019**

## **6. ISISHWANKATHELO SESICWANGCISO**

### **6.1. Umbono**

Igalelo elinempumelelo ekukhuleni nasekuphuhleni kwemeko yenkcubeko etshintshatshintshayo kwiNtshona Koloni ebumbeneyo.

### **6.2. Umnqophiso**

Ukulondoloza, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko eNtshona Koloni ngosebenzisa:

- ukubhaliswa nokurhoxiswa kubhaliso lwamabhunga enkcubeko;
- ukubonelela ngoncedo kumabhunga enkcubeko abhalisiweyo;
- ukulawula, ukuphatha, ukuphuhlisa nokugcina impahla eshenxwayo ngengashenxwayo efakwe phantsi kolonganyelo lwayo nguMphathiswa wePhondo;
- ukwenza eminye imisetyenzana nemisebenzi eyabiwe nguMphathiswa wePhondo; kunye
- nokunika ingcebiso kuMphathiswa wePhondo kumgaqo-nkqubo.

### **6.3. Iimpawu zentsulungeko**

Imfezeko, Ukuthatyathwa koxanduva, Ubuchule, Ukusabela, Ukungenisa izinto ezintsha nokuKhathala

## 7. UWISO-MTHETHO NEZINYE IZIGUNYAZISO

IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ibimiswe yiKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni noMthetho wamaBhunga eNkcubeko, we-1998 (uMthetho we-14 we-1998). I-WCCC ibifakwe kuluhlu njengeShedyuli yesi-3, icandelo C lequmrhu likarhulumente wephondo ngomhla woku-1 kweyeSilimela wama-2001 ngokwemimiselo yoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999 (uMthetho woku-1 we-1999).

### 7.1. Izigunyaziso zoMgaqo-siseko

Icandelo	Inkcazelo
<b>Umgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, we-1996</b>	
Icandelo lesi- 6 (3), (elesi-4) (nelesi-5): Ulwimi	URhulumente weNtshona Koloni kufuneka, ngokowiso-mthetho nezinye iindlela, ilawule ize ibeke iliso ekusebenziseni kwayo iilwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zonwabele ukuxatyiswa kwesidima kwaye kufuneka ziphathwe ngokulinganayo. I-WCLC, ngentsebenziswano neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (i-DCAS), inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo weLwimi zePhondo leNtshona Koloni, esamkelwa ngowama-2005, kwaye kufuneka inike ingxelo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni kwesi sigunyaziso ubuncinane kanye ngonyaka. I-DCAS inobongameli be-WCLC kwaye ibonelela iKomiti ngolawulo nenkxaso yezemali.
Icandelo lama-30: Ulwimi nenkcubeko	IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (i-WCCC) yenza amathuba abelula kubantu beNtshona Koloni ukusebenzisa amalungelo abo olwimi nenkcubeko ngokusebenzisa iinkqubo neprojekthi emele zona nezixhasayo.
Icandelo lama-31: Inkubeko, inkolo nolwimi loluntu	I-WCCC kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo neprojekthi zayo zihlonipha ukungafani kwenkcubeko yoluntu lwaseNtshona Koloni.
Icandelo lama-41: Imigaqo noburhulumente bentsebenziswano nobudlelwane boorhulumente	I-WCCC isebenzisana nawo onke amacandelo karhulumente ekuphunyezweni kwesigunyaziso sayo.
Ishedyuli yesi-4: IiNdawo eziSebenzayo zokuVumelana noZwelonke noBuchule boWiso-Mthetho lwePhondo	I-WCCC isebenza ngokusondeleyo neSebe lezobuGcisa neNkcubeko likazwelonke kunye nemibutho enxulumene nombuso malunga nobugcisa obuvumelanayo, inkubeko nemicimbi yelifa lemveli.
Icandelo le-195: Iimpawu zentsulungeko ezisisiseko nemigaqo ephethe ulawulo likarhulumente	Amagosa eSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (i-DCAS) anoxanduva lokuphumeza isigunyaziso se-WCCC kufuneka aqinisekise ngokusebenza, ngoqoqosho nangobuchule bokusetyenziswa kobutyebi. Iinkqubo eziqaliweyo kwicandelo likarhulumente kufuneka zivelise olona ncedo lukhulu ngokungenandleko zingephi.
<b>Umgaqo-siseko waseNtshona Koloni, we-1997 (uMthetho woku-1 we-1998)</b>	
Icandelo lama-70	Uwiso-mthetho lwePhondo kufuneka ubonelele ngommiselo nenkxaso-mali eyiyo, kubutyebi obukhoyo bePhondo, bebhunga okanye bamabhunga enkcubeko okanye amabhunga oluntu okanye amaqela eNtshona Koloni besabelana ngenkcubeko equkayo nelifa lolwimi. I-DCAS yongamela i-WCCC ngokumalunga nokuphunyezwa kowiso-mthetho obe wanatyselwe le njongo. IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni, enye yamaqumrhu karhulumente wephondo i-DCAS enoxanduva lwawo, yabelwe ukubhalisa nenkxaso yamabhunga enkcubeko abhalisiweyo.

**7.2. Uwiso-mthetho lweziguqunyaziso**


Uwiso-mthetho	Isingqiniso	Olona Xanduva lwe-WCCC
Ikomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni noMthetho wamaBhunga eNkcubeko, we-1998	Umthetho we-14 we-1998	Iinjongo zeKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni zezokulondoloza, zikhuthaze nezokuphuhlisa inkcubeko eNtshona Koloni, ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo omiselwe ngu-MEC [ilungu (lephondo) iKomiti yesiGqeba – uMphathiswa wephondo]. Isiguqunyaziso se-WCCC kukunika ingcebiso ku-MEC kulondolozo, kwinkuthazo nophuhliso lobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni.
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999	Umthetho woku-1 we-1999	I-WCCC ifaka iingxelo ngekota nangonyaka ekwenzeni kwakhe umsebenzi wokuhambisa nokuphicotha iingxelo zemali ezisekelezelwe kokujoliswa kuko yinjongo yesicwangciso ngonyaka kunyaka-mali ngamnye.
Ukukhuthazwa koBulungisa boLawulo, lwama-2000	Umthetho wesi-3 wama-2000	Lo Mthetho: <ul style="list-style-type: none"> <li>• umisela imithetho nezikhokelo emazilandelwe xa kuthatyathwa izigqibo;</li> <li>• udinga abalawuli ukwazisa abantu ngelungelo labo ukuhlola okanye ukubhena nelungelo labo lokufuna izizathu;</li> <li>• udinga abalawuli ukunika izizathu ngezizigqibo zabo; kunye</li> <li>• nokunika amalungu karhulumente amalungelo ukucela umngeni kwizigqibo zabalawuli enkundleni.</li> </ul>
Ukukhuthazwa koFikelelo kuMthetho weNkcukacha, wama-2000	Umthetho wesi-2 wama-2000	Lo Mthetho unika amandla kwilungelo lokubako ukufikelela kwiirekhodi ezibanjwe ngumbuso, amaziko karhulumente namaqela abucala. Ngaphandle kwezinye izinto, i-DCAS noluntu ngalunye kunye neqela labucala kufuneka: <ul style="list-style-type: none"> <li>• baqulunqe incwadana yokufundisa ecacisela amalungu oluntu ukuba sifakwa njani na isicelo sokufikelela kwiinkcukacha ezibanjwe liqela; kunye</li> <li>• Nokuqesha igosa leenkukacha ukunika ingwalasela kwizidingo zokufikelela kwiinkcukacha ezibanjwe liqela.</li> </ul>
Ukukhuselwa koMthetho weNkcukacha zoBuqu, wama-2013	Umthetho wesi-4 wama-2013	UMthetho ukhuthaza ukukhuselwa kweenkcukacha eziqhutywe ngamaqela oluntu nawabucala ukwazisa ngeemeko ezithile ukumisela ubuncinane izidingo zokuqhutywa kweenkcukacha zobuqu. Ukongeza, uMthetho ubonelela ngokumiselwa koMlawuli weNkcukacha ukusebenzisa amandla athile nokwenziwa kwemisebenzi nemisetyenzana ethile ngokwemimiselo yalo Mthetho kunye nokuKhuthazwa koFikelelo koMthetho weNkcukacha, wama-2000.  UMthetho uyaqhubeka ukubonelela ngokukhutshwa kwemithetho nemimiselo yendlela yokuziphatha, ngokwamalungelo abantu malunga nonxibelelwano lwe-elektroniki olungacelwanga kunye nokwenza izigqibo okuzenzekelayo, ukulawula ukuhamba kweenkcukacha zomntu ngamnye kwimida yeRiphabhlikhi, nokubonelela ngemiba enxulumene noko.



### 7.3 Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo

Imigaqo	Ingcaciso
INdlela yokuziPhatha yamaLungu e-WCCC	Eyona njongo yeMithetho nemimiselo kukukhuthazwa kokuba ngumzekelo wokuziphatha ukuze i-WCCC ibenako ukuthembeka.
Ukubhaliswa nokuRhoxiswa kubhaliso loMgaqo-nkqubo wamaBhunga eNkcubeko	Ukunika amandla kumgaqo ohlonipha, okhulisa, osekelayo nokhusela ukungafani kwenkcubeko kwiNtshona Koloni nakuMzantsi Afrika uwonke ngokubhaliswa nokurhoxiswa kubhaliso kwamabhunga enkubeko.
UMgaqo-nkqubo wokuSetyenziswa kwaMaziko eNkcubeko	UMcwangcisi-mali oseMagunyeni wequmrhu likarhulumente kufuneka alawule ingeniso ngokoqoqosho nangokusebenzayo ngokuphuhisa nokuphumeza inkqubo efanelekileyo ukubonelela kokuchongwa, uqokelelo, ukurekhodwa, ukuxolelwaniswa nokukhuselwa kweenkcukacha zengeniso.
IGqiza le-WCCC	Igqiza lamandla elikhutshwe nguMcwangcisi-mali aseMagunyeni ngokommiselo wecandelo lama-44(loku-1) nelama-44(lesi-2) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999 (i-PFMA).
Isikhokelo esiPhathekayo	UMcwangcisi-mali oseMagunyeni kufuneka aphuhlise aze asivumele isikhokelo esamkela iqondo lokuphathekayo nokubalulekileyo kunye nesiGqeba esiseMagunyeni nokucebisana nabaphicothi-zincwadi zangaphandle.
IsiCwangciso sokuThintela ubuMenemene	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngeendlela zokusabela kuniko lwengxelo kuphando nokusombulula izenzo zobumenemene.
Ukuvuzwa kwamalungu	Ukubonelela ngesikhokelo sokuhlawulwa kwamalungi eKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni eyonyulelwe ukuzimasa iingqungquthela, imicimbi, iintlanganiso namacweyo.
Isikhokelo soLwaluko neMithetho yokuziphatha yama-2014	Esi sikhokelo sibonelela ngoncedo lwezenzo zenkcubeko yolwaluko kwimibutho yenkcubeko yezekhaya, oomasipala nezinye izigunyaziso

## 8. UBUME BOMBUTHO



## ICANDELO B: IINKCUKACHA ZOKWENZIWA KOMSEBENZI

---

## 1. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JILELELE: IINKONZO EZIMISWE KWANGAPHAMBILI

I-AGSA ngoku yenza iinkqubo ezithile zophicotho kulwazi lwendlela yokusebenza ukunika isiqinisekiso esisiso kwimo yesiphelo sophicotho. Isiphelo sophicotho kwindlela yokwenziwa komsebenzi malunga neenjongo ezimiswe kwasekuqaleni kwisiphelo sohlaluty ekusebenzeni okuchasene nokujongwa kuqala kweenjongo siqukiwe kwingxelo eya kubaphathi, kunye nengxelo yezinto ezifunyanisiweyo ezibonakalayo phantsi kwesihloko seenjongo apho kwingxelo yecandelo lezinto ezifunekayo zomthetho nemiqathango apho kwingxelo yabahlalutyi.

Jonga kwiphepha lama-51-55 ngeNgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele, eshicilelwe njengeCandelo E: linkcukacha zeMali zaleNgxelo yoNyaka wama-2018/19.

## 2. UHLALUTYO LWEMEKO

### 2.1 UBume bokuNikezelwa kweNkonzo

Amaziko eNkcubeko ziindawo zenkcubeko zemibutho yoluntu namasebe karhulumente ukuhambisa iinkqubo zabo ezifanelekileyo kwimeko ezolileyo.

Kucacile ukuba kukho umbulelo omkhulu ngabasebenzisi bamaziko ethu, nangona kunjalo, abasindanga kwimingeni yentlalo ejongene noluntu. linkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho zangoku eNtshona Koloni zikhokelela ekubeni i-WCCC ibeke phambili ukuphumeza nokuqhubeka ngamanyathelo anjengokhuseleko nokuphendula okuxhobileyo kumaziko.

ISebe likhulise ubudlelwane obusebenzayo ne-DTPW obuzise iziphumo ezakhayo. Iziko i-Okkie Jooste yavalwa ngonyaka-mali, ngenxa yophuculo oluququzelelwe lwaza lwahlawulwa yi-DTPW. Umsebenzi wolungiso nophuculo ukwaqalile kwiziko elise Schoemanspoort e-Oudtshoorn kwakunye ne-Bien Donne Manor House eSimondium kwaye iyakugqitywa kunyaka-mali omtsha.

Isiqalo senkqubo yokubhukisha ngohlobo lwe-intanethi ikhokelele ekunyukeni kwengeniso kumaziko. Ingeniso yayiqikelelwa kwi-R1,4 lesigidi ngonyaka-mali nangona i-R1 961 000 yaveliswa ngonyaka-mali ophantsi kophononongo, nangona iziko lilikhulu kwaye ilelona lisetyenziswa (i-Okkie Jooste) livaliwe ngokwelo thuba.

Ukuphucula unxibelelwano nokubayinxalenye yesicwangciso esiqhubekayo soshishino kwii-ofisi ezisemaphandleni, i-Wi-Fi yafakwa kwiziko lenkcubeko e-Melkbos Oppie See nase-Okkie Jooste, ngokulandelelana kwazo.

## 2.2 Ubume bombutho

Ngokommiselo wecandelo le-13 leKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni noMthetho wamaBhunga eNkcubeko, ongunombolo ye-14 we-1998, abasebenzi beSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo banoxanduva lomsebenzi wolawulo lwe-WCCC. UNobhala weKomishini ubekwe phakathi kubuGcisa neNkcubeko yeDCAS. INxaso ye-CFO incedisa ngentengo neentlawulo ezinxulumene namalungu nemisebenzi ye-WCCC.

UMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo uqeshe amalungu amatsha ali-14 aqinisekisa ukuba iKomishini isebenze njengoko bekuchaziwe kwiKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni nakuMthetho wamaBhunga eNkcubeko, ongunombolo 14 we-1998. Ithuba leminyaka emithathu leKomishini eyonyuliweyo, eqale ngomhla we-15 kweyeDwarha wama-2018 lize liphele ngomhla we-14 kweyeDwarha wama-2021.

Ishoni yoqheliso yabanjwa namalungu ukuwazisa ngemisebenzi nangeendima ze-WCCC kwakunye neemfuno zowiso-mthetho. Ngaphezu koko anikwe isishwankathelo nguMphathiswa nangabaphathi abaphezulu bogunyaziso lweSebe nokuba yenza njani i-WCCC ukuncedisa ekuzalisekiseni oko.

Njengoko kuchaziwe kwisiCwangciso soKwenziwa komsebenzi woNyaka se-WCCC, iintlanganiso ezipheleleyo zibanjwa ngekota ngelixa iintlanganiso zeKomiti yeBhunga leNkcubeko neKomiti yamaZiko eNkcubeko zibhanjwa kabini ngonyaka.

Ukunika amandla kwisigunyaziso se-WCCC, iikomiti zinoxanduva lamacandelo awohlukeneyo awabelwe kwi-WCCC. Iikomiti ziquka iKomiti yamaZiko eNkcubeko, iKomiti yeBhunga leNkcubeko kwakunye neKomiti yolwaluko equka amalungu e-WCCC kwanamalungu eqela lesiKhokelo soLwaluko esinika ingcebiso uMphathiswa kwimiba enxulumene nenkqubo yolwaluko.

I-WCCC ayinabo abasebenzi abasisigxina kwaye imisebenzi yokulawula yenziwa ngabasebenzi phakathi kwisebe.

## 2.3 Uphuhliso oluphambili lomgaqo-nkqubo neenguqu zowiso-mthetho alukho

## 2.4 IiNjongo zesiCwangciso sesiPhumo sokuJoliswe kuko

Injongo yesiCwangciso	Ukukhuthaza, ukuphuhlisa nokuguqula imisebenzi yenkcubeko eNtshona Koloni
INgxelo yeNjongo	<ul style="list-style-type: none"><li>• Ukwandisa usetyenziso lwamaziko enkcubeko ngabemi beNtshona Koloni</li><li>• Ukukhuthaza uqhagamshelwano lwenkcubeko ngokuba nencoko namabhunga enkcubeko kunye;</li><li>• Nokukhuthaza ubunye bentlalo.</li></ul>

### **3. IINKCUKACHA ZOKWENZIWA KOMSEBENZI NGOKWENKQUBO/UMSEBENZI /INJONGO**

#### **INKQUBO: IKOMISHINI YENKCUBEKO YENTSHONA KOLONI**

Injongo yeKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kukunika ingcebiso kuMphathiswa lokuba angalizalisekisa njani na igunya le-WCCC ngokumalunga neKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni noMthetho wamaBhunga eNkcubeko we-14 we-1998.

#### **INKCAZELO**

IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ineendawo ezintathu zokwanziwa komsebenzi njengokumiselwe yiKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni noMthetho wamaBhunga eNkcubeko, uMthetho we-14 we-1998. Ezi ndawo zichonga imisebenzi yeKomishini eyile:

- ukuphatha, ukulawula, ukuphuhlisa nokulondoloza impahla eshenxiswayo nengashenxiswayo (Oku kuquka ulawulo lwamaziko enkcubeko asixhenxe.);
- ukulawula ubhaliso norhoxiso kubhaliso lwamabhunga enkcubeko; kunye
- nokunika ingcebiso ku-MEC lokuba angalizalisekisa njani na igunya leKomishini.

#### **Ulondolozo kumaziko**

Kubekho ukwanda kogxininiso ekuphuculeni amaziko ukuze aguqulwe ekubeni abe zizakhiwo eziqeshisayo abe ziindawo ezisebenzisanayo zoluntu. La maziko ahlala eyindlela yokuba uluntu lukwazi ukukhula nokuzisebenzela kwimeko eqinisekileyo nepholileyo. Kubekho ukunyuka okumangalisayo kwinani lamaqela aphila nokhubazeko kwanalawo asesichengeni asebenzisa la maziko. Inqubo eziboniswe ngabaxhasi zibe zezohlukene kakhulu kwaye zijolise kwiziphumo.

Ukusebenza ngokusondelelene ne-DTPW kukhokelele kuvavanyo phantsi kwemeko egqityiweyo yamaziko. Isiphelo soku ibekukwenziwa kophuculo. Uphuculo kumaziko akubanga bubuhle nje kuphela kodwa kukwakokusebenzayo. Ukuphuculwa eMelkbos kuquka ukufakwa kwezikhanyiso okuthe kwasisinqandi samasela ee-abalone asebenzisa amaziko njengendlela ecanda phakathi kwezindlu. Ukubekwa kweliso kuhlobo lokusetyenziswa kwamanzi kwiziko eliseGroot Drakenstein kubonakalisa umngcipheko kwaye kwenze ukuba kufakwe iimitha zamanzi yi-DTPW ukuncedisa kubeko-liso ekusetyenzisweni kwamanzi ukuze kumiselwe iindleko. Oku kuye kwangxamiseka njengoko isebe belikhutshelwa i-akhawunti yi-ARC, ngaphandle kokufundwa ngokuchanekileyo kwamanzi asetyenzisiweyo. Impilo nokhuseleko lwakuhlala luyinto ephambili kumaziko kwaye ngoko ke isango elizivulekelayo lenqubo yesithungelwano sokuthetha sifakiwe kwiziko eliseSchoemanspoort.

I-Okkie Jooste ibenolungiso olupheleleyo oluqale ngokufakwa kwamadonga esixhobo esiguqula imitha yelanga (isolar) kwikhithi nakwiindawo zokuhlamba. ekhithini iibhodi zesilingi nezipholisi zifakiwe, ngale ndlela yenza kubekho ucoceko nokuphola ehlotyeni. Ngaphezu koko umgangatho uye wafakwa iithayile kwafakwa nenqubo yokukhutshwa kwamanzi esebenzayo kwakunye nobonelelo lokutsalwa

kweengcingo ezintsha zombane. Amaziko okuhlamba aphuculwe ngokuphelelelyo kwaye nesixhobo sokufudumeza amanzi zonke ngoku zinamandla esixhobo esiguqula imitha yelanga.

EKoekenaap itanki lamanzi laphuculwa kwaye lavalwa ukulikhusela kwizinto nasekonakalisweni. Ukuqaphela ngakumbi ukuba iBien Donne Manor House, enokubaluleka kwelifa lemveli, iyaqhubeka ukubuyiselwa.

Ukugcinwa kwamaziko, njengesicwangciso soLondolozo lwe-WCCC, kuquka umzobo nokulungiswa kweekhetini zeZiko leNkcubeko laseMelkbos kwakunye nanjengokulungiswa kwe-ofisi entsha eMelkbos Oppie See ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abakho kude ekubekeni iliso kwimisebenzi kumaziko omabini. Ulondolozo lwemihla ngemihla luyaqhubeka kuwo onke amaziko ukuqinisekisa ukuba amaziko ahlala ekwimeko eyanelisayo kwabayisebenzisayo.

ISebe lizibophelele ekunciphiseni iqondo lentswela-ngqesho nokudala amathuba olutsha akwiindawo ezingqongileyo ukufikelela kwingqesho ye--EPWP neNkqubo yoButhandazwe yoLutsha. Oku kunika ulutsha ithuba lokufumana ulwazi lomsebenzi nezakhono ezithengisekayo nezidala ngaxeshanye ingeniso kumakhaya amaninzi anezidingo ezimaxongo zamacebo emali.

### **AmaBhunga eNkcubeko**

Ikomiti yeBhunga leNkcubeko iququzelele imisebenzi emibini ukunika intetho kukwahlukana kwenkcubeko nokukhuthaza inkunzi-mali yenkcubeko njengesixhobo esibanika inzuzo ngokwezoqoqosho nobungqondi.

Umcimbi eKhayelitsha wawugxile kwintsebenziswano nasekwabelaneni ngemveliso yenkcubeko kubabukeli abohlukileyo nokuqaqambisa okufanayo ababelana ngako. Imini yayimalunga nokubonisa ukuba ilifa lemveli linqabe kakhulu kwaye kufuneka lamkelwe kwaye lilondolozelwe isizukulwana esizayo.

Umcimbi wesibini wawugxile kwezona mizekelo isebenzayo kwaye wanika izakhelo ithuba lokwabelana nokufunda komnye nakomnye. Imiboniso yayigxile ekwakheni imibutho esebenzisa oko ikuko kubo nemveliso yenkcubeko yabo nabakwenzayo. Imiboniso yayigxile kwiiMveliso zoBugcisa neNkcubeko kunye nakwimizekelo yoshishino kwaye zaziboniswe yi- Griqua National Conference yoMzantsi Afrika, i-Women Unite kunye ne-Rainbow Arts Academy.

Udluliselo lweentlawulo lwenziwa kuMabhunga eNkcubeko amahlanu kwalithoba abhalisiweyo, athe afaka izekelo zenkxaso-mali. Inkxaso-mali yabhatalelwa umbhiyozo ePaarl nakwiiprojekthi zenkcubeko e-Oude Molen, eStrandfontein, eTokai naseRobertson.

### IKomiti yesiKhokelo soLwaluko

IKomiti yesiKhokelo soLwaluko ekhoyo yanyulwa kweyoKwindla kowama-2019 yaza yanentlanganiso yobeko esikhundleni ngomhla we-12 kweyoKwindla kowama-2019 kwiZiko leNkcubeko laseGroot Drakenstein, ePaarl. IKomiti yesiKhokelo soLwaluko idlala indima enkulu ekuxhaseni iNkqubo yoLwaluko yeSebe. Isebenza njengeqela elisemthethweni ngokuphathelele kwizenzo zolwaluko, ihconga imingeni ize inike ingcebiso kuphuhliso lwezicwangciso neendlela zokuqubisana nale mingeni. Ngaphezu koko uchonga iinkalo zenkcubeko ukwandisa ulwazi olukhoyo. IKomiti yesiKhokelo yoLwaluko incedisa ekomelezeni iForam zoLwaluko apho kuyimfuneko. IKomiti yesiKhokelo yoLwaluko ibambe intlanganiso yonyaka apho inike ingxelo kwiziphumo zexesha lehlobo elidlulileyo lonyaka yaza yacwangcisele ixesha lasebusika lolwaluko.

### 3.1 Iinjongo zesiCwangciso

**Iinjongo zesiCwangciso:** Ukulondolozwa, ukukhuthazwa nokuphuhlisa kwenkcubeko nobugcisa ngokuthi kusetyenziswe amabhunga enkcubeko, ulawulo lwamaziko enkcubeko nekomiti yesikhokelo solwaluko.

INKQUBO/UMSEBENZI/INJONGO					
ISalathiso seenjongo eziCwangcisiweyo	uFezekiso Olululo 2017/18	OkuJoliswe kuko okuCwangcisiweyo 2018/19	uFezekiso Olululo 18/19	Unxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/19	Izimvo ngoNxaxho
Ukunika ingcebiso kulondolozo, kwinkuthazo nakuphuhliso lobugcisa nenkcubeko ngokubamba zonke iintlanganiso nemisebenzi ukuphucula ubandakanyo kwezentlalo.	20	18	18	-	azikho

### 3.2. Izalathiso zokwenziwa komsebenzi eziphambili, okujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifzekiso ezizizo

Isalathiso sokwenziwa komsebenzi	Inkqubo/umsebenzi/injongo						
	Okona Kwenziwa komsebenzi/Okuphicothiweyo			Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo	Ufezekiso Olululo 2018/19	uNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo kolona Fezekiso lululo 2018/19	Izimvo ngonxaxho
Ufezekiso Olululo 2015/16	Ufezekiso Olululo 2016/17	Ufezekiso Olululo 2017/18					
Inani lemicimbi ukuphucula ukufikelela nokukhuthaza uthungelwano, ubandakanyo kwezentlalo nonxibelelwano kwinkcubeko	3	3	3	2	2	-	azikho



Inani lamaziko aphuculiweyo nalondolozweyo o ukuqinisekisa ngozinzobangokuseleko lwabasebenzisi bamaziko	7	7	7	7	7	-	azikho
Inani leentlanganiso, iikomitana neentlanganiso ezicwangcisiweyo o ukunika iingcebiso kuMphathiswa	14	8	10	9	9	-	azikho

### Isicwangciso sokoyisa kwiindawo apho kungasetyenzwanga kakuhle khona

Konke obe kujoliswe kuko okucwangcisiweyo kufezekiswe njengoko bekumiselwe kunyaka-mali wama-2018/19.

### linguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Azikho

### Unxulunyaniso lwendlela yokusebenza nohlahlo lwabiwo-mali

#### lindlela zenkcitho-mali

Inkqubo/umsebenzi/i njongo	2018/2019			2017/2018		
	Uhlahlo lwabiwo-mali	Eyona Nkcitho	iNkcitho (engaPhezulu)/e ngaPhantsi	Uhlahlo lwabiwo-mali	iNkcitho Eyiyo	iNkcitho (engaPhezulu)/engaPhantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Impahla neeNkonzo	4 265	4803	538	4 186	4713	(527)
Iyonke	4 265	4803	538*	4186	4713	(527)

*\*Ukuqokelelwa okungaphezulu kwenkcitho kunxulumene kuphela ne-GRAP 23: izilungiso zeeNkonzo zeSisa ezenziweyo zemivuzo zama-R590 000 ezinxulumene nabasebenzi bolawulo lwezemali yeQumrhu likaRhulumente. Ezinye iinkcukacha zicaciswe kwiiNgxelo zeMali zoNyaka ze-WCCC. Inqaku le-13.*

#### 4. Ukuqokelelwa kwengeniso

Imvelaphi yengeniso	2018/2019			2017/2018		
	Uqikelelo	Esona Sixa semali siQokel elweyo	Ukuqokelelwa (okungaphezulu)/okungaphantsi	Uqikelelo	Esona Sixa semali siQokel elweyo	Ukuqokelelwa (okungaphezulu/okungaphantsi)
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Enye ingeniso eQhubekayo	2 659	3 716	(1 057)	2 823	2 467	356
Udluliselo	1 506	1 506	0	1 183	1 183	
Inzala	100	129	(29)	180	180	
Iyonke	<b>4 265</b>	<b>5 351</b>	<b>(1 086) *</b>	<b>4 186</b>	<b>3 830</b>	<b>356</b>

\*Ukuqokelelwa okungaphezulu kunxulumene ne-GRAP 23: IiNkonzo zeSisa zolungiselelo olwenzelwe imivuzo yama-R590 000 zinxulumene nabasebenzi bolawulo lwemali yeQumrhu likaRhulumente. Iinkcukacha ezingaphezulu koko zicaciswe kwiiNngxelo zeMali zoNyaka ze-WCCC, Inqaku le-13.

\*Ukuqokelelwa okungaphezulu kwengeniso kunxulumene kuphela namabango e-inshurensi afunyenwe ngohlaselo lotshiso kwiziko lenkcubeko e-Okkie Jooste. Iinkcukacha ezingaphezulu koko zicaciswe kwiiNngxelo zeMali zoNyaka ze-WCCC.

#### 4.1. Ukutyalwa kwenkuzi-mali

Akukho

## ICANDELO C: ULAWULO

---

## 1. INTSHAYELELO

Ulawulo lwentsebenziswano luqulathe iinkqubo nemimiselo apho amaqumrhu karhulumente ayalelwayo, alawulwayo nanikwa uxanduva. Ukongeza kwiimfuno zowiso-mthetho olusekelezelwe ekukwazini kowiso-mthetho lwequmrhu likarhulumente kwaye, noMthetho weeNkampani, intsebenziswano yoorhulumente ngokuphathelele kumaqumrhu karhulumente isetyenziswe ngokwemimiselo yoMthetho woLawulo lwezeMali kaRhulumente (i-PFMA) kwaye ihamba ngokomthetho-siseko oqukwe kwingxelo kaKing III kuLawulo loShishino.

Le ngxelo ibonelela ngesishwankathelo ngolawulo oluzinziswe kwiqumrhu.

## 2. IIKOMITI ZESIKHUNDLA

Iikomiti zePalamente yePhondo ezinobongameli be-WCCC ziiKomiti eziMiyo kwiMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, neKomiti yee-Akhawunti zikaRhulumente (PAC)

**IKomiti eMiyo kwiMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye neKomiti yee-Akhawunti zikaRhulumente**

UMhla wokuXoxwa kwamatyala	UMcimbi oPhantsi kweNgqwalasela
Owesi-2 kuCanzibe wama-2018	Isishwankathelo lisebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye nequmrhu layo kwiiNgxelo zoKwenziwa komsebenzi zeKota yokuqala, yesibini neyesithathu ngowama-2017/18
Owe-16 kweyeDwarha wama-2018	lingxoxo kwiiNgxelo yoNyaka yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yama-2017/2018, kwakunye neKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni
Owama-23 kweyeNkanga wama-2018	IVoti ye-13 ye-DCAS: ulwabiwo oluLungiselelweyo lwase-WC
Owe-12 kweyoKwindla wama-2019	IVoti ye-13 ye-DCAS: ulwabiwo lwase-WC

## 3. ISIGQEBA SEGUNYA LOLAWULO

Iingxelo ezisibhozo zeenkukacha zemali nengezozamali zafakwa kwisiGqeba seGunya loLawulo ngethuba lonyaka ophantshi kophononongo

<b>INgxelo yoKwenziwa komsebenzi ngeKota nganye</b>	Ama-31 kweyeKhala wama-2018, ama-31 kweyeDwarha wama-2018, ama-31 kweyoMqungu wama-2019, ama-30 kwekaTshazimpunzi wama-2019
<b>INgxelo yoBeko-sweni yaPhakathi eNyakeni</b>	Ama-31 kweyeKhala wama-2018, ama-31 kweyeDwarha wama-2018, ama-31 kweyoMqungu wama-2019, ama-30 kwekaTshazimpunzi wama-2019

#### **4. IKOMISHINI YENKCUBEKO YENTSHONA KOLONI**

##### **Ukubaluleka neenjongo zeKomishini**

Isigunyaziso sowisho-mthetho seKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kukulondoloza, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko eNtshona Koloni, ngokubhekiselele neKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni noMthetho wamaBhunga eNkcubeko, uMthetho we-14 we-1998.

##### **I-WCCC phakathi kwezinye:**

- a) iqwalasela ukubhaliswa nokurhoxiswa kubhaliso lwamabhunga enkukacha;
- b) ilawula, iphathe, iphuhlise kwaye ilondoloze impahla eshenxiswayo okanye engashenxiswayo ebekwe phantsi kokongamela kwayo; kunye
- c) nokwenziwa komsebenzi onje ngokuba eminye imisebenzi njengoMphathiswa wePhondo angabelwa kwiKomishini.

##### **Indima yeKomishini inje ngoku kulandelayo:**

IKomishini yeNkcubeko inganika uncedo kwizixhobo zayo ezikhoyo, kwibhunga lenkcubeko okanye amabhunga njengoko kumiselwe phantshi koMthetho, ngoku

- a) xhasa iiprojekthi ezinxulumene nenkcubeko, uphando neengqungquthela ngexesha ngalinye elichongwe nguMphathiswa wePhondo, nelithi ibhunga lenkcubeko okanye ibhunga lilisebenzise;
- b) khuthaza nokuququzelela unxibelelwano lwentsebenziswano yenkcubeko yehlabathi nekazwelonke; kunye
- c) nokubonelela ngeenkukacha ukulondoloza, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko.

## AmaLungelo eBhodi

IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ayinawo amalungelo asemthethweni kodwa ikhokelwa yiKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni noMthetho wamaBhunga eNkcubeko we-14 we-1998.

Ukuqulunqwa kweKomishini njengoko yonyulelwe ikota: **kweyoMsintsi kowama-2015 – kuma kweyoMsintsi wama-2018**

Igama	Ulonjulo (ngokubhekiselele kwisakhelo seBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokuyeka	Iziqinisekiso	Ikhondo lobuNgcali	uBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti okanye amaQela oKusebenza (umz.: Ikomiti yophicotho-zincwadi/igela lokusebenza lobuphathiswa)	iNani leeNtlanganiso ezizinyasiweyo
Basse Bulelwa	LoMhlali ngaphambili	wama-30 kweyoMsintsi wama-2015	awukho	I Computer literacy	Performing Arts; Literary Arts; Humanities (iMbali, ubuGcisa, imbali ngenkcubeko, inkcubeko). Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko	Abukho	Azikho	8
Crous Johann	LoSekela-Mhlali ngaphambili (wonyulwe ngomhla wama-23 kweyeThupha wama-2017 kwintlanganiso yePlinari  LweLungu: IKomiti yeBhunga leNkcubeko	wama-30 kweyoMsintsi wama-2015	awukho	I Higher Diploma kwi Education of Arts. I Diploma in Dramatic Arts. I Diploma kwi Textile Design. 1 yr kwi Business Studies Course. I Photography	Literary Arts; Humanities (iMbali, ubuGcisa, imbali yenkcubeko, inkcubeko). Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko. Unyuso-ngxowa lweenkqubo zenkcubeko	Abukho	Azikho	6
Fani Chuma	LoMhlali ngaphambili: IKomiti yeBhunga leNkcubeko	wama-30 kweyoMsintsi wama-2015	awukho	I B Admin I Public Admin (Honours)	Performing Arts; Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko; Ukukhuthaza inkcubeko ngokusebenzisa amajelo osasazo nendaba	Abukho	Azikho	6
Fefeza	LoMhlali	wama-30	awukho	I BA kwi (History	Literary Arts;	Abukho	Azikho	5

Igama	Ulonyulo (ngokubhekiselele kwisakhelo seBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokuyeka	Iziqinisekiso	Ikhondo lobuNgcali	uBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti okanye amaQela oKusebenza (umz.: Ikomiti yophicotho-zincwadi/igela lokusebenza lobuphathiswa)	iNani leeNtlanganiso ezizinyasiweyo
Patrick Zoyisile	ngaphambili: IKomiti yeSalathiso soLwaluko	kweyoMsintsi wama-2015		Anthropology). I Post Grad. Diploma kwi (Museums/ Heritage Studies (UWC)	Humanities (iMbali, ubuGcisa, imbali yenkcubeko, inkcubeko). Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko Amashishini eNkcubeko.			
Kindo Wilma Josephine	LweLungu: IKomiti yeBhunga leNkcubeko	wama-30 kweyoMsintsi wama-2015	awukho	I Diploma kwi Library and Information Science (UWC)	Literary Arts Humanities (iMbali, ubuGcisa, imbali yenkcubeko, inkcubeko). Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko.	Abukho	Azikho	5
Le Fleur Anthony	LweLungu: IKomiti yeZiko leNkcubeko	wama-30 kweyoMsintsi wama-2015	awukho	Ngu President of Griqua National Conference. Ngu President of Choir Association. Yi Board member kwi NKC	Humanities (iMbali, ubuGcisa, imbali yenkcubeko, inkcubeko). Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko; uShishino lweNkcubeko; Performing Arts	Abukho	Azikho	6
Witbooi John Cornelius	LweLungu: IKomiti yeZiko leNkcubeko	wama-30 kweyoMsintsi wama-2015	awukho	Yi Educator; Yi National leader ye Witbooi Nama clan. Yi National chairperson kwi working committee yama Khoe and the Bushman	Humanities (iMbali, ubuGcisa, imbali yenkcubeko, inkcubeko). Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko. Ulawulo lwamaziko enkubeko. Inkcubeko yamaNama	Abukho	Azikho	2
Kamaldien Yazeed	LoMhlali ngaphambili: IKomiti yeZiko leNkcubeko	we-17 kuCanzibe wama-2017	awukho	I Degree kwi Journalism (CPUT), I Post Grad Dipl: kwi Media Management (Rhodes), I Film making	Intatheli engesosigxina, umvelisi wemiboniso yeefoto ne-documentary, umlawuli wokuvelisa, umsasazi	Ilungu leManyano yeHlabathi leeNtatheli zeNkolo, ilungu		5

Igama	Ulonyulo (ngokubhekiselele kwisakhelo seBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokuyeka	Iziqinisekiso	Ikhondo lobuNgcali	uBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti okanye amaQela oKusebenza (umz.: IKomiti yophicotho-zincwadi/igela lokusebenza lobuphathiswa)	iNani leeNtlanganiso ezizinyasiweyo
				kunye ne Photography Course	kanomathotholo	leBhodi yeManyano ye-Visual Arts, ukubhala ngenkcubeko, ilifa lemveli nobugcisa		
Mobbs John Bernard	LweLungu: IKomiti yeBhunga leNkcubeko	we-17 kuCanzibe wama-2017	awukho	I BA, kwi Secondary Teacher's Dipl (UWC), I B.Ed.(UNISA), I M.Ed. Cum Laude(UPE), I Teacher's Higher Bilingual Certificate, I D.Ed.(UPE), Certificate kwi Marketing and Marketing Research(UNISA), I Project Management (UCT)	Performing Arts, Literary Arts, ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko, amashishini enkcubeko, ukuphuculwa kweenkcubeko ezahlukileyo eMzantsi Afrika	DD Health, CEO DP Marais TB Hospital, Consultant Educational Research, Vice Rector of Southern Cape Teacher's Training College, Chairperson of SANTA Provincial and National.		6
Le Roux Daniel Stephanus	LweLungu: IKomiti yeZiko leNkcubeko	we-17 kuCanzibe wama-2017	awukho	I Dtech kwi Drama (Technikon Pretoria), I MA kwi Drama (UP), I higher Dipl kwi Ed (US), I Hons kwi B Drama (US)	Performing Arts, Literary Arts, Humanities, ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko, amashishini enkcubeko, i-visual arts	Ilungu leKomiti yeeLwimi ye-WC, iKomiti yokuThiywa kwaMagama eeNdawo zeNgingqi yePhondo le-WC, ilifa lemveli le-WC. IBhodi yoLwimi lwiBhulu		6
Beukes Edwill Roland	LweLungu le-WCCC  LweLungu lwalurhoxisa ulwamkelo lolonyulo	we-17 kuCanzibe wama-2017	kuCanzibe wama-2017	I Nat Diploma kwi Financial Management (N6)	Umcwangcisi-mali  Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko	lindima ezahlukileyo zesigqeba samalungu kwi-Griqua Christian		azikho



Igama	Ulonnyulo (ngokubhekiselele kwisakhelo seBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokuyeka	Iziqinisekiso	Ikhondo lobuNgcali	uBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti okanye amaQela oKusebenza (umz.: Ikomiti yophicotho-zincwadi/igela lokusebenza lobuphathiswa)	iNani leeNtlanganiso ezizinyasiweyo
						Youth Society		
<b>ABA BANTU BALANDELAYO BASEBENZE KWIKOMITI YESALATHISO SOLWALUKO KWI-WCCC, BEKUNYE NAMALUMGU E-WCCC</b>								
Dani Lizo	LweLungu: IKomiti yoLwaluko	woku-1 kweyeKhala wama-2016	awukho	I NTC kwi (Mechanical Engineering). I Apprenticeship Trade Diploma. I Certificate kwi Training Instructor. I Computer Theory. I Project management	UPhuhliso lweNkcubeko (Ulwaluko) Uququzelelo lweProjekthi yoKwenza iKhostyum	Abukho	Azikho	0
Jama Zukile	LweLungu: IKomiti yoLwaluko	woku-1 kweyeKhala wama-2016	awukho	I PhD Linguistics, UCT, 2007. I MA kwi African Languages, UCT, 1995 I BA Honours kwi African Languages, Unisa 1998 I BA majoring kwi History Vista University PE 1985	Ukufundisa uLwimi olujolise kwiKhondo leNkcubeko. Ukufundisa ulwimi lwesibini. Social research African Literature	Abukho	Azikho	0
Mazinyo Mbombi	LweLungu: IKomiti yoLwaluko	woku-1 kweyeKhala wama-2016	awukho	Uqeqesho loncedo loKuqala Uqeqesho loLawulo lweMililo	Ubukhokeli bamasiko nezithethe	Abukho	Azikho	0
Nongalaza Mzwandile	LweLungu: IKomiti yoLwaluko	woku-1 kweyeKhala wama-2016	awukho	Uqeqesho loncedo loKuqala Uqeqesho loLawulo lweMililo	Ubukhokeli bamasiko nezithethe	Abukho	Azikho	0
Ponoane Neho	LweLungu: IKomiti yoLwaluko	woku-1 kweyeKhala wama-2016	awukho	Umsebenzi wasekuhlaleni	Igosa lonxibelelwano loluntu	Abukho	Azikho	0
Sebetoane Thabang	LweLungu: IKomiti yoLwaluko	woku-1 kweyeKhala wama-2016	awukho	IBanga leShumi 1998	Ubukhokeli bamasiko nezithethe zesiSotho	Abukho	Azikho	0

UkuQulunqwa kweKomishini njengoko yonyulelwe ikota: **kweyeDwarha wama-2018 – kweyeDwarha wama-2021.**

Igama	Ulonnyulo (ngokubhekisele kwisakhelo seBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokuyeka	Iziqinisekiso	Ikhondo lobuNgcali	UBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti okanye amaQela okuSebenza (umz.:Ikomiti yophicotho- zincwadi/iqela lokusebenza kobuphathiswa)	Inani leeNtlanganiso ezizinyasiweyo
Fani Chuma	LoMhlali ngaphambili	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I B Admin I Public Admin (Hons)	Performing Arts; Ubandakanyo lolutsha kwiNkcubeko. Ukukhuthazwa kwenkcubeko ngokusebenzisa amajelo osasazo neendaba.	Abukho	Azikho	3
Jama Zukile	LoSekela-Mhlali ngaphambili (owonyulwe ngowama-29 kweyeNkanga wama-2018 kwintlanganiso yePlinari.  LweLungu: IKomiti yeBhunga leNkcubeko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I B.A Hons kwi African Languages I MA kwi African Languages I BA Degree	Humanities (iMbali, ubuGcisa, imbali yencubeko, inkcubeko). Amashishini enkukacha. Iilwimi	Abukho	Azikho	3
Baard Petronel	LweLungu: IKomiti yeBhunga leNkcubeko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I Drama Degree I BA I Drama Hons	UMhlali ngaphambili weManyano lweNkcubeko zeSiphiwo sokuyila sase-Mosselbay. Uquko loluntu kwezobuGcisa neenkqubo zeNkcubeko kwezoMculo nokuLingisa.	Abukho	Azikho	3

Igama	Ulonyulo (ngokubhekisele kwisakhelo seBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokuyeka	Iziqinisekiso	Ikhondo lobuNgcali	UBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti okanye amaQela okuSebenza (umz.:Ikomiti yophicotho-zincwadi/iqela lokusebenza kobuphathiswa)	Inani leeNtlanganiso ezizinyasiweyo
Fefeza Patrick Zoyisile	LweLungu: IKomiti yamaZiko eNkcubeko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I BA kwi(History Anthropology) I Post Grad. Diploma kwi(Museum/ Heritage Studies (UWC)	Literary Arts; Performing Arts, Humanities (iMbali, ubuGcisa, imbali yeNkcubeko, inkcubeko). Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko	Abukho	Azikho	4
Benjamin Herschelle	LweLungu: IKomiti yeBhunga leNkcubeko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I BA Arts kwi(Drama and Theatre) I BA Hons kwi(Drama and Theatre studies) I MA kwi Drama and Theatre studies (TANS)	Literary Arts Humanities (iMbali, ubuGcisa, imbali yenkcubeko, inkcubeko). Ubandakanyo lolutsha kwinkcukacha. Literary arts	Abukho	Azikho	3
Nokwaza Lungelo	LoMhlali ngaphambili: IKomiti yeSalathiso soLwaluko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	iBachelor of Arts Higher Diploma kwi Education I Advanced Diploma kwi Educators of Adults I Honours kwi Bachelor of Administration I Philosophy Degree I Postgraduate Diploma kwi Law I Master of Arts School of Public Leadership	Policy Formulation. Literary Arts. Humanities (imbali, ubugcisa, imbali yenkcubeko, ubandakanyo lolutsha kwinkcukacha. Amashishini eNkcubeko (ukhenketho lwenkcubeko; umsebenzi wobugcisa, ukuyila)	Abukho	Azikho	4

Igama	Ulonyulo (ngokubhekisele kwisakhelo seBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokuyeka	Iziqinisekiso	Ikhondo lobuNgcali	UBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti okanye amaQela okuSebenza (umz.:Ikomiti yophicotho-zincwadi/Iqela lokusebenza kobuphathiswa)	Inani leeNtlanganiso ezizinyasiweyo
Witbooi John Cornelius	LweLungu: IKomiti yeZiko leNkcubeko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I Educator; I National leader of Witbooi Nama clan. I National chairperson ye working committee for the Khoe and the Bushman	Humanities (iMbali, ubuGcisa, imbali yenkcubeko, inkcubeko). Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko. Ulawulo lwamaziko enkcubeko. Inkcubeko yamaNama.	Abukho	Azikho	1
Sampson Vicky	LoMhlali ngaphambili: IKomiti yeZiko leNkcubeko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	Awukho	uGrade 10 (Standard 8)	Performing Arts; Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko; Amashishini eNkcubeko (ukhekhento lwezenkcubeko, umsebenzi wobugcisa, uyilo)	Abukho	Azikho	4
Prince Joko	LweLungu: IKomiti yeSalathiso soLwaluko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I B. Tech kwi HR I Degree kwi Management	Humanities (iMbali, imbali yeNkcubeko yobuGcisa). Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko.	Abukho.	Gugulethu Initiation Forum	4
Joubert Jurie	LweLungu: IKomiti yamaBhunga eNkcubeko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I Primary Teachers Diploma I BA Hons kwi History (Free State University) I MA kwiin writing history I Contribution kwi party politics	Ukudalwa kwembali ezinzileyo yeNtshona Koloni; ulondolozo lwembali yama-Khoi; Inkxaso kulutsha; Ukufundisa abantu abangakwazi kufunda nakubhala.	Abukho	Azikho	2

Igama	Ulonnyulo (ngokubhekisele kwisakhelo seBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokuyeka	Iziqinisekiso	Ikhondo lobuNgcali	UBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti okanye amaQela okuSebenza (umz.:Ikomiti yophicotho-zincwadi/Iqela lokusebenza kobuphathiswa)	Inani leeNtlanganiso ezizinyasiweyo
Loubser Madre'	LoMhlali ngaphambili: IKomiti yamaBhunga eNkcubeko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I Bachelor of Music (M. Music) I Performance Diploma kwi Music I Certificate ku Music	Performing and Literary Arts. IMvumi eFanelekileyo.	Abukho	Azikho	3
Nongalaza John	LweLungu: IKomiti yamaBhunga eNkcubeko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I Bachelor of Law (B Yuris) I Master kwi Philosophy (Applied Theology)	Ulawulo nemimiselo yolwaluko.	Abukho	Azikho	3
Rall Medee	LweLungu: IKomiti yamaBhunga eNkcubeko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I Bachelor of Arts Diploma for Educators of Adults I Masters Degree kwi Education I PhD candidate	Literary Arts. Humanities (mbali, ubugcisa, imbali yenkcubeko, inkcubeko). IiMyuziyam neLifa lemveli.	Abukho	Azikho	3
Ryke Elizabeth (Betsie)	LweLungu: IKomiti yamaZiko eNkcubeko	we-15 kweyeDwarha wama-2018	awukho	I B Music I Public Relations course; I Christian Counseling course; I Marimba Training course; kunye ne Project Management course.	Performing Arts. Humanities (imbali, ubugcisa, imbali yenkcubeko); Ubandakanyo lolutsha kwinkcubeko; amashishini eNkcubeko (ukhenketho lwenkcubeko, umsebenzi wobugcisa, uyilo)	Abukho	Azikho	3
<b>ABA BANTU BALANDELAYO BASEBENZE KWIKOMITI YESALATHISO SOLWALUKO KWI-WCCC, BEKUNYE NAMALUMGU E-WCCC</b>								
Mzwandile Gincana	LweLungu: IKomiti yeSalathiso	wesi-6 March 2019	awukho	I Councilor Development Program; I Ethics Management kwi	ILifa lemveli leNkcubeko.	Abukho	UMhlali ngaphambili weForum	1

Igama	Ulonyulo (ngokubhekisele kwisakhelo seBhodi yeQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokuyeka	Iziqinisekiso	Ikhondo lobuNgcali	UBongameli beBhodi (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti okanye amaQela okuSebenza (umz.:Ikomiti yophicotho-zincwadi/iqela lokusebenza kobuphathiswa)	Inani leeNtlanganiso ezizinyasiweyo
	soLwaluko			Local Government; I Ward Committee Induction Programme			yoLwaluko yaseGeorge	
Toto Nongwe	LweLungu: IKomiti yeSalathiso soLwaluko	wesi-6 March 2019	awukho	uGrade 9 (Standard 7)	iTsha-ntliziyo leNkcubeko	INkosi yamaXesibe	ILungu leForam yoLwaluko yaseNyanga/Cross Roads	0
Mlungisi Blaai	LweLungu: IKomiti yeSalathiso soLwaluko	wesi-6 March 2019	awukho	uGrade 12	Amasiko nezithethe zoLwaluko/ iTsha- ntliziyo leNkcubeko	Abukho	UMhlali ngaphambili weForam yoLwaluko yaseKnysna	1
David Lekena	LweLungu: IKomiti yeSalathiso soLwaluko	wesi-6 March 2019	awukho	uStandard 3	Amasiko nezithethe zoLwaluko/ iTsha- ntliziyo leNkcubeko	Abukho	UMhlali ngaphambili weForam yoLwaluko yaseGrabouw	0
Muzi Malamlela	LweLungu: IKomiti yeSalathiso soLwaluko	wesi-6 March 2019	awukho	uGrade 11	Amasiko nezithethe zoLwaluko/ iTsha- ntliziyo leNkcubeko	Abukho	UMhlali ngaphambili weForam yoLwaluko yaseVredenberg	1
Bonisile Sidwell Fonk	LweLungu: IKomiti yeSalathiso soLwaluko	wesi-6 March 2019	awukho	I Diploma kwi Lurisprudentiae I B Proc Degree I Post Grad Diploma kwi Land and Agrarian Studies	Amasiko nezithethe zoLwaluko	Abukho	ILungu leForam yoLwaluko yaseZwelethemba (iWorcester)	0

**liKomiti:**

liKomiti	Inani leentlanganiso ezibanjiweyo	Inani lamalungu	UMhla wokoNyulwa	Amagama amalungu
ISeshoni yePlinari	5 (kuquka iintlanganiso zoqheliso)	10	Wama-30 kuMsintso wama-2015	Bulelwa Basse Johann Crous Chuma Fani Patrick Zoyisile Fefeza Anthony Le Fleur John Cornelius Witbooi Wilma Josephine Kindo Yazeed Kamaldien John Bernard Mobbs Daniel Stephanus Le Roux

IiKomiti	Inani leentlanganiso ezibanjiweyo	Inani lamalungu	UMhla wokoNyulwa	Amagama amalungu
AmaBhunga eNkcubeko	1	14	we-15 kweyeDwarha wama- 2019	Chuma Fani Zukile Jama Vicky Sampson Madre'Loubser Lungelo Nokwaza Ntsikelelo Nongalaza Jurie Joubert Medee Rall Prince Joko Elizabeth (Betsie) Ryke John Witbooi Zoyisile Fefeza Lungelo Nokwaza Herschelle Benjamin
		5	wama-30 kweyoMsintsi wama-2015	Chuma Fani Johann Crous Wilma Josephine Kindo Bulelwa Basse John Bernard Mobbs
		8		Chuma Fani Ntsikelelo Nongalaza Jurie Joubert



liKomiti	Inani leentlanganiso ezibanjiweyo	Inani lamalungu	UMhla wokoNyulwa	Amagama amalungu
			we-15 kweyeDwarha wama-2018	Madre' Loubser Zukile Jama Petronel Baard Herschelle Benjamin Medee Rall
Amaziko eNkcubeko	2	5    4	wama-30 kweyoMsintsi wama-2015   we-15 kweyeDwarha wama-2018	Yazeed Kamaldien Bulelwa Basse Anthony Le Fleur John Cornelius Witbooi Daniel Stephanus Le Roux  Vicky Sampson Elizabeth (Betsie) Ryke John Witbooi Zoyisile Fefeza

IiKomiti	Inani leentlanganiso ezibanjiweyo	Inani lamalungu	UMhla wokoNyulwa	Amagama amalungu
IKomiti yeSalathiso solwaluko kwi-WCCC	1	6	wama-30 kweyoMsintsi wama-2015	<p>Ilungu elonyulwe ngokufanelekileyo le-WCCC: Zoyisile Patrick Fefeza.</p> <p>Amalungu amkelwe njengamalungu kwikomiti yesalathiso solwaluko: Zukile Jama Mzwandile Nongalaza Thabang Sebetoane Mbombi Mazinyo Neho Ponoane</p>
		8	we-15 kweyeDwarha wama-2018	<p>Amalungu onyulwe ngokufanelekeleleyo e-WCCC: Lungelo Nokwaza. Prince Joko.</p> <p>Amalungu amkelwe njengamalungu kwikomiti yesalathiso solwaluko: Mzwandile Gincana Toto Nongwe Mlungisi Blaai David Lekena Muzi Malamlela Bonisile S Fonk</p>

### Ukuvuzwa kwamalungu eKomishini

Imigodlo yenzuzo ngokomsebenzi kubantu abasezikhundleni zemithetho ethile namanye amaziko achazwe nguMphathiswa wezeMali nokuchazwe kwiSetyhula kaNondyebo wePhondo. Umlinganiselo wentlawulo yoMhlali ngaphambili ngeyure ngama-R486.00, Umlinganiselo wentlawulo yeSekela-Mhlali ngaphambili ngeyure ngama-R342.00 ize intlawulo yamalungu ngeyure ibengama-R298.00.

Igama	Umvuzo (R'000)	Enye imali evunyelweyo (R'000)	Okunye ukubuyiselwa kwemali	Iyonke (R'000)
Bulelwa Basse	6	1	akukho	7
Johann Crous	3	1	akukho	4
Chuma Fani	6	2	akukho	8
Patrick Zoyisile Fefeza	5	0	akukho	5
Wilma Josephine Kindo	3	0	akukho	3
Anthony Le Fleur*	3	17	akukho	20
John Cornelius Witbooi	3	3	akukho	6
Yazeed Kamaldien	0	0	akukho	0
John Bernard Mobbs	2	0	akukho	2
Daniel Stephanus le Roux	3	1	akukho	4
Lungelo Nokwaza	3	1	akukho	4
Petronel Baard*	2	13	akukho	15
Elizabeth Ryke	2	1	akukho	3
Herschelle Benjamin	3	0	akukho	3
Jurie Joubert	2	1	akukho	3
Ntsikelelo Nongalaza	2	1	akukho	3
Madre' Loubser	2	0	akukho	2
Prince Joko	3	0	akukho	3
Victoria Sampson	3	0	akukho	3
Zukile Jama	2	0	akukho	2
Medee Rall	2	0	akukho	2
<b>Iyonkana</b>	<b>60</b>	<b>42</b>		<b>102</b>
<b>IKOMITI YESALATHISO KWI-WCCC NGOLWALUKO</b>				
Sebetoane Thabang	-	-	-	0
Nongalaza Mzwandile	-	-	-	0
Mazinyo Mbombi	-	-	-	0
Dani Lizo	-	-	-	0
Ponoane Neho	-	-	-	0
Jama Zukile	-	-	-	0
Mzwandile Gincana	1	-	-	1
Mlungisi Blaai	1	-	-	1
Muzi Malamlela	1	-	-	1
<b>Iyonkana</b>	<b>3</b>	<b>-</b>	<b>-</b>	<b>3</b>
<b>Iyonke</b>	<b>63</b>	<b>42</b>	<b>-</b>	<b>105</b>

Enye imali evunyelweyo iquka iindleko zokuhlala nezehambo.

\*Amalungu e-WCCC ahlala kwingingqi ye-Eden, ngoko ke, iindleko zehambo nezokuhlala aphezulu noko.

### 5. ULAWULO LOMNGCIPHEKO

IQumrhu likaRhulumente liyinxalenye yeSebe lokusungula uLawulo loMngcipheko woShishino neKomiti yokuziPhatha (i-ERMECO) ukuncedisa igosa elinoxanduva ukwenza imisebenzi yalo ephathelelene nomngcipheko wolawulo.

## UXANDUVA LWE-ERMECO

ULawulo loMngcipheko woShishino neKomiti yeMikhwa esesikweni (ERMECO) lunika ingxelo yokuba luhambisene noxanduva oluvelayo kwiCandelo lama-51 (1)(a)(i) loMthetho woLawulo lwezeMali likaRhulumente, iMimiselo kaNondyabo 3.2.1 neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente yama 2016, iSahluko sesi-2, iCandello loku-1, elesi-2 nelesi-3. I-ERMECO ikwanike ingxelo yokuba yamkele ngokusemthethweni ofanelekileyo iMigqaliselo (evunywe ngumhlali ngaphambili we-ERMECO ngowama-31 kweyoKwindla wama-2017) kwaye imisele imicimbi yayo ngokuhambelana neMigqaliselo yaza yakhulula lonke uxanduva lwayo njengoko kuqulathiwe kuyo.

## AMALUNGU E-ERMECO

I-ERMECO iquka amalungu akhethekileyo eqela labalawuli beSebe. UMcwangcisi-mali oseMagunyeni uyinxalenye yekomiti. Iinkalo eziphathelele neKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ziyaxoxwa kule foram. NgokoMgqaliselo ngamnye, i-ERMECO idibene ubuncinane amaxesha amane (ngekota) ngethuba lonyaka ophantsi kophononongo.

Itheyibhile engezantsi iveza iinkcukacha ezilungele amalungu e-ERMECO:

ILUNGU	ISIKHUNDLA	IINTLANGANISO EZIHLELIWEYO	EZIZINYASIWEYO	UMHLA WOLONYULO
Mnu. B Walters	IGosa eliPhendulayo (UMhlali ngaphambili we-ERMECO)	4	4	31/03/2017
Nkszn. B Rutgers	UMlawuli: ULawulo lweMali – (i-CFO)	4	4	31/03/2017
Nkszn. C Sani	UMlawuli: INkonzo yeThala leencwadi	4	3 (ummeli uzimase intlanganiso yanye ngethuba angekhoyo uNkszn. Sani)	31/03/2017
Mnu. D Esau	USEkela-Mlawuli: ULawulo lwangaPhakathi (INtshatsheli yoMngcipheko)	4	3	31/03/2017
Mnu. D Flandorp	USEkela-Mlawuli: IYunithi yoBudlelwane beNtsebenziswano (IGosa leMikhwa esesikweni)	4	3	31/03/2017
Mnu. G Mohamed	UMlawuli: ULawulo lokuQulathwe kuShishino	4	1	31/03/2017
Mnu. G Redman	CD: IMicimbi yeNkcubeko	4	4	31/03/2017

ILUNGU	ISIKHUNDLA	IINTLANGANISO EZIHLELIWEYO	EZIZINYASIWEYO	UMHLA WOLONYULO
Nkszn. J Boule	CD: I-Game Changer yaseMva kweSikolo	4	2	31/03/2017
Nkszn. J Moleleki	UMlawuli: UbuGcisa, iiNkcubeko noLwimi AA: WCLC AA: WCCC	4	4	31/03/2017
Gqr. L Bouah	CD: IMidlalo nezolonwabo	4	4	31/03/2017
Gqr. M Dlamuka	UMlawuli: iMyuziyam, iLifa lemveli neeNonzo zokuThiywa kwamaGama eNgingqi AA: HWC	4	2 (ummeli wazimasa intlanganiso yanye ngethuba angekhoyo uGqr. Dlamuka)	31/03/2017
Nkszn. N Momoti	UMlawuli: INkonzo yeNdawo yokuLondoloza yePhondo	4	1	31/03/2017
Nkszn. N Dingayo	UMlawuli: INkonzo yeNdawo yokuLondoloza yePhondo	4	1	12/03/2019
Mnu. S Julie	UMlawuli: INkxaso yoLawulo oluSebenzayo noluCwangcisiweyo	4	3	31/03/2017
Mnu. T Tutu	UMlawuli: IMidlalo neNkuthazo	4	3 (ummeli wazimasa intlanganiso yanye ngethuba angekhoyo uMnu. Tutu)	31/03/2017
Mnu. P Hendricks	UMlawuli: IMidlalo noPhuhliso	4	4	31/03/2017

ABANYE ABAZIMASI	ISIKHUNDLA	IINTLANGANISO EZICWANGCISIWEYO	EZIZINYASIWEYO
Nkszn. A Haq	UMlawuli: ULawulo loMngcipheko woShishino (DotP)	4	3
Mnu. D Micketts	UMcebisi oyiNitloko woMngcipheko: (DotP)	4	4
Nkszn. M Natesan	USEkela-Mlawuli: iNkonzo zoPhando lweLebhu zePhondo (DotP)	4	3 (ummeli wazimasa intlanganiso yanye ngethuba angekhoyo uNkszn. Natesan)

IGosa elinegunya noxanduva limela i-WCCC kwi-ERMECO

### **EYONA MISEBENZI IPHAMBILI**

IGosa eliPhendulayo ngumhlali ngaphambili we-ERMECO aze uSekela-Mhlali ngaphambili: uLawulo lwangaPhakathi yiNtshatsheli yoMngcipheko wesebe.

Ukuphumeza imisebenzi yayo, i-ERMECO yenze le misebenzi iphambili ilandelayo ngethuba lonyaka:

- Iphonononge uMgaqo-nkqubo woLawulo loMngcipheko woShishino lukaRhulumente, isiCwangciso neQhinga lokuPhumeza; ngokwesindululo seKomiti yoPhicotho-zincwadi nokuvunywa liGosa eliPhendulwayo;
- Imisele, yaphonononga yaze yawenza ngokufanelekileyo umdla womngcipheko nonyamezelo, kwaye yenza isindululo esifanayo emasivunywe nguMcowangcisi-mali oseMagunyeni;
- Inike ingxelo kuMcowangcisi-mali oseMagunyeni naziphi na iinguqu zezixhobo kwiprofayili yomngcipheko weQumrhu likaRhulumente;
- Ichonge imingcipheko esavelayo;
- Iphonononge iQhinga lokuThintela ubuMenemene (IsiCwangciso, uMgaqo-nkqubo neQhinga lokuPhumeza) nezindululo ukuze zivunywe nguMcowangcisi-mali oseMagunyeni;
- Ivavanye ubungakanani nokusebenza kokuhlanganiswa kolawulo lomngcipheko kwisebe neQumrhu likaRhulumente;
- Imisele ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo woLawulo loMngcipheko weQumrhu likaRhulumente, isiCwangciso neQhinga lokuPhumeza;
- Imisele ukuphunyezwa kwendlela yoLawulo lweMikhwa esesikweni yequmrhu likarhulumente;
- Ivavanye ukusebenza nokuncipha kwezicwangciso zokuqubisana nezixhobo, imikhwa esesikweni nemingcipheko yolwaphulo-mthetho kwezoqoqosho;
- Ibonelele ngolongamelo kulawulo lwemikhwe esesikweni lequmrhu likarhulumente.

### **EYONA MINGCIPHEKO ITHE YANIKWA INGQWALASELA NEKUTHE KWAQUTYISWANA NAYO NGETHUBA LONYAKA**

Oku kulandelayo yimingcipheko engundoqo ethe yathathelwa ingqalelo nekuthe kwaqutyiswana nayo ngethuba lonyaka:

- Ikomiti entsha enyuliweyo inokuthi iswele ubuchule obufunekayo ngokumalunga negunya labo
- Ukunganeli kwesikhuselo sesiseko senkcubeko/samaziko esingundoqo
- Ukunganeli kwengeniso yokuqeshisa ukuhlawula inkcitho yolondolozo lwamaziko.

Eminye imingcipheko yanikwa ingqwalasela/ingxoxo kwiintlanganiso ze-ERMECO zekota. Abalawuli abaphezulu kwakufuneka babonelele ngengxelo kwinkqubo yophunyezo lwezicwangciso zokwenza ukuncitshiswa komngcipheko onokuthi wenzeke kwaye/okanye ifuthe xa kunokuthi kwenzeke. I-ERMECO ikwagqithisele umngcipheko emva ukuba uhlalutywe nangakumbi ze kunikwe ingcebiso kuncitshiso okanye imisebenzi eyongezelelweyo ukulawula imingcipheko.

## **EYONA MINGCIPHEKO ISAVELAYO YONYAKA-MALI OLANDELAYO**

IKomiti yazisa ukuba imingcipheko eyongezelelweyo iya kuxoxwa kwaye inikwe ingqwalasela ngethuba lonyaka-mali ozayo.

## **ISIPHELO**

Kubekho inkqubela ebalulekileyo kunye nolawulo lwemingcipheko ngethuba lonyaka-mali wama-2018/19. Inkqubela efanelekileyo yenziwa kuzinziso lolawulo lwemingcipheko nasekuphakamiseni iqondo lokufezekisa umngcipheko kwiqumrhu elibenegalelo ekusebenzeni ngokwemvume yesebe.

## **6. IYUNITHI YOLAWULO LWANGAPHAKATHI**

Iluxanduva loMchwangciso-mali oseMagunyeni ukuqhubeka uhlola nokuvavanya ulawulo lwangaphakathi ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yolawulo emiselweyo iyasebenza, ifanelekile kwaye iselubala kunye nokuba iyaphuculwa xa kuyimfuneko. Ukufezekisa oku, iintlanganiso ezingundoqo zolawulo zekota zabanjwa noMphicothi-zincwadi Jikelele kunye noMphathiswa. Oku yinkqubo eqhubekayo ukuqinisekisa ukuba i-WCCC ifumana iziphumo zophicotho-zincwadi ezisulungekileyo. Iqumrhu lidale iQhinga nesiCwangciso soLawulo lwangaPhakathi olushwankathela iqhinga leqondo eliphezulu kuphunyezo lolawulo lwangaphakathi kwimisebenzi yayo engundoqo.

## **7. UPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI NEEKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI**

UPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi lubonelela ngolawulo ngokuzimelelyo, ingqinisekiso yenjongo nokudala iinkonzo zengcebiso ukongeza ixabiso kunye nokuqhubeka ukuphucula imisebenzi yeSebe/yeQumrhu likaRhulumente. Kufanele ukuba linike ingcebiso kwiSebe/kwiQumrhu likaRhulumente ukuphumeza iinjongo ngokuzisa indlela emisiweyo, enocwangco ukuvavanya nokuphucula ukusebenza koLawulo, uLawulo loMngcipheko neenkqubo zoLawulo. Le misebenzi alandelayo angundoqo iyenziwa kulo mba:

- Ukuhlola nokwenza izindululo ezifanelekileyo ukuphucula ulawulo lweenkqubo ekuzalisekiseni iinjongo zesebe;
- Ukuvavanya ukulingana nokusebenza kunye nokufaka isandla ekuphuhliseni kwenkqubo yolawulo lomngcipheko;

- Ukunika ingcebiso kuMchwangcisi-mali oseMagunyeni ekugcineni ulawulo olusebenzayo nolufanelekileyo ngokuvavanya olo lawulo ukumisela ukusebenza nokufanela, nokuphuhlisa izindululo ukwandisa nokuphucula.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi imiselwe njengeqela lokongamela, elibonelela ngolongamelo oluzimeleyo lolawulo, lolawulo lomngcipheko neenkqubo zolawulo kwiSebe, eliquka ukongamela nokuphonononga oku kulandelayo:

- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi;
- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaPhandle (uMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika - AGSA);
- UCalulo-mali lweSebe nokunikwa kwengxelo;
- ImiGaqo-nkqubo yoCalulo-mali lweSebe;
- Ulawulo lwe-AGSA nengxelo yophicotho-zincwadi;
- UBeko-sweni lwaPhakathi enyakeni kweSebe;
- ULawulo loMngcipheko kwiSebe;
- ULawulo lwangaPhakathi;
- Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili;
- IMikhwa esesikweni noPhengululo loPhando lwaseLebhu.

Ittheyibhile engezantsi iveza iinkcukacha ezifanele amalungu ekomiti yophicotho-zincwadi:

Igama	Iziqinisekiso	Olwangaphakathi okanye olwangaphandle	Ukuba lolwangaphakathi, isikhundla kwisebe	Umhla wokonyulwa	Umhla wokuyeka	Inani leentlanga niso ezizinyasiweyo
Mnu. Ameen Amod	MBA; CIA; CGAP; CRMA; BCOM	Lwangaphandle	asikho	woku-1 kweyoMqungu wama-2019 (ikota yesi-2)	awukho	7
Nkskzn. Judy Gunther	CIA; AGA; CRMA; Masters in Cost Accounting; BCompt	Lwangaphandle	asikho	woku-1 kweyoMqungu wama-2016 (ikota yesi-2)	ikota yesi-2 iphelelwe ngowama-31 kweyomNga wama-2018	5
Mnu.	MComm	Lwangaphandle	Asikho	woku-1	ikota yesi-2	5



Igama	Iziqinisekiso	Olwangaphakathi okanye olwangaphandle	Ukuba lolwangaphakathi, isikhundla kwisebe	Umhla wokonyulwa	Umhla wokuyeka	Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo
Francois Barnard	(Tax); CA(SA); Postgrad Diploma in Auditing; CTA BCompt (Honours); BProc			kweyoMqungu wama-2016 (ikota yesi-2)	iphelelwe ngowama-31 kweyoMqungu wama-2018	
Mnu. Kerry Larkin	B Compt; ND FIS; FIASA CIA; CRMA; CCSA	Lwangaphandle	asikho	woku-1 kweyoMqungu wama-2018 (ikota yoku-1)	Ngowama-31 kweyeThupha wama-2018	3
Mnu. Ebrahim Abrahams	B Com Hons	Lwangaphandle	asikho	woku-1 kweyoMqungu wama-2019	awukho	2
Mnu. Pieter Strauss	B Acc; B Com Hons; CA (SA)	Lwangaphandle	asikho	woku-1 kweyoMqungu wama-2019	awukho	2
Nkszn. Annelise Cilliers	B Compt Hons CA (SA)	Lwangaphandle	asikho	woku-1 kweyoMqungu wama-2019	awukho	2

## 8. UHAMBELWANO NEMITHETHO KUNYE NEMIMISELO

IQumrhu lineenkqubo, imigaqo-nkqubo neendlela zisendaweni ukuqinisekisa uhambelwano nemithetho nemimiselelo.

## 9. UBUMENEMENE NORHWAPHILIZO

Ulwazi olufanelekileyo luxeliwe kwingxelo yonyaka yeSebe (ifakiwe).

## 10. UKUNCITSHISWA KONGQUBANO LWEMIDLA

Ukuqinisekisa ukuba kukho ukungqubana kwemidla ngokubhekiselele kumalungu ekomishini, onke amalungu atyikitya isiqinisekiso yokungqubana kwemidla phambi kwentlanganiso. Ukuba ukungqubana kwemidla kuye kwavela kwilungu, kufuneka lizirhoxise kwinkqubo leyo.

## **11. INDLELA YOKUZIPHATHA**

Amalungu akhutshelwa incwadana yendlela yokuziphatha esisikhokelo somzekelo wendlela yokuziphatha. Umgao-nkqubo ophunyezwe yi-DCAS ubandakanya i-WCCC.

## **12. UKHUSELEKO LWEMPILO NEMIBA YENDALO**

Ileshoni zeMpilo eMsebenzini kunye noLwazi ngoKhuseleko ziqhutywa ngonyaka, kumaziko anxibelelana noKhuseleko ekuHlalani. Ukuqhutywa kolunyukiso lwemililo kwenziwe kwii-ofisi zamaziko ngentsebenziswano neSebe loKhuseleko ekuHlalani ethi ibeke iliso kwaye iveze imbono ngokubhekiselele kuzo zonke iinkqubo.

## **13. USOSIBA WENKAMPANI/WEBHODI (UKUBA UKHONA)**

akakho

## **14. UXANDUVA LWANTLALO**

alukho

## **15. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHU-ZINCWADI**

Siyavuya ukunika ingxelo yethu yonyaka-mali ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **UXanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokuba iyithobelene imisebenzi evela kwiCandelo lama-51 (1) (a) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA) neMimiselo kaNondyabo kaZwelonke wama-27.1. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ikwanike ingxelo yokuba yamkele iMigqaliselo efanelekileyo nesemthethweni, imisele imicimbi yayo kuthotyelo nale Migqaliselo kwaye ikhuphe yonke imisebenzi njengoko ibandakanyiwe kuyo.

### **UkuSebenza koLawulo lwangaPhakathi**

Ngolulungelelana ne-PFMA kunye neemfuno zeNngxelo ye-King IV kuLawulo lweNtsebenziswano, uPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi lubonelela iKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo kunye noLawulo nengqiniseko eyiyo yokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele kwaye luyasebenza. Oku kuzalisekiswa yimvumelwano esekelwe kumngcipheko weqhinga loPhicotho-zincwadi lwangaphakathi, uPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi luhlola ukonela lolawulo olunciphisa imingcipheko neKomiti yoPhicotho-zincwadi ukubeka iliso ekuphunyezweni kwezenzo zolungiso.

Ezi ndibano zophicotho-zincwadi lwangaphakathi zilandelayo zivunye yiKomiti yoPhicotho-zincwadi kwaye kugqityiwe luPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi ngethuba lonyaka ophantshi kophononongo:

**Ingqinisekiso yeeNdibano:**

- ABathunywa abalathwe yi-DPSA
- ULawulo lweNdawo yolondolozo - uKhuselo noLondolozo
- IMibutho yeNkcubeko
- ULawulo lwamaQumrhu kaRhulumente
- UDIluliseko lweeNtlawulo – iiMyuziyam

**Ulandelelo:**

- UBeko-liso loKwenziwa komsebenzi noniko lweNngxelo
- ILifa lemveli leNtshona Koloni
- IMisebenzi yoLwaluko

Iqhinga loPhicotho-zincwadi lwangaphakathi lonyaka lugqityiwe. Iindawo emaziphuculwe, njengoko kubonisiwe kuphicotho-zincwadi lwangaphakathi ngethuba lokwenziwa komsebenzi wazo, luvunyiwe ngabalawuli. Ikomiti yoPhicotho-zincwadi iyaqhubeka ukubeka iliso kwimisebenzi eqhubekayo.

**INgxelo yoLawulo lwangaPhakathi eNyakeni eyeNyanga/yeKota**

IKomiti yohlalutyo yanelisekile ngumxholo nomgangatho wekota kunyaka wolawulo nokusebenza kwingxelo ekhutshwe phakathi enyakeni lo ubujongwa ligosa elinoxanduva loluntu (i-entity) ngokwemigaqo yomthetho wezemali nolwabiwo (Treasury Regulations and the Division of Revenue Act).

**UVavanyo lweeNngxelo zeMali**

IKomiti yohlalutyo :

- Iqwalasele yaze yaxoxa ngengxelo yobume bemali yonyaka ukuze iqukwe kwingxelo yonyaka kunye noMhlalutyi Jikelele eMzantsi Afrika neGosa elinoxanduva;
- Iqwalasele ingxelo yolawulo yoMhlalutyi jikelele kunye neempendulo zabalawuli ukuze;
- Iqwalasele utshintsho kwimigaqo-nkqubo yoxanduva nokwenziwa kwezinto njengoko ixeliwe kwingelo yesimo semali yonyaka;
- Iqwalasele ukuhlengahlengiswa kwempahla ngenxa yeziphumo zohlalutyo leSebe.

**Ukuhambelana**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iphonononge iinkqubo zeQumrhu likaRhulumente ngokuhambelana nemithetho nolungiselelo lwemimiselo.

### **liNkonzo ze-Forenziki zePhondo**

liNkonzo ze-Forenziki zePhondo zisathulele ubalo. IKomiti yoHlalutyo ijonga inkqubela phambili yengxelo ye-PFS rhoqo ngekota. Akuzange kubekho mcimbi uziswakuthi ukuze siwuqwalasele ofuna ingxelo edlulele kwiKomiti yoHlalutyo


### **linkcukacha zoKwenziwa komsebenzi**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iqwalasele ulwazi llweenjongo njengoko luxeliwe kwingxelo yonyaka.

### **INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika**

IKomiti yoMhlalutyi ngekota iqwalasele isicwangciso seSebe sokumilisela ukwenzela imicimbi yohlalutyo zonyaka ongaphambili. IKomiti yohlalutyo idibene no Mhlalutyi Jikelele waseMzantsi Afrika ukuqinisekisa ukuba akukho micimbi ingasonjululwanga evele kuhlalutyo elenziwa oko. Amanyathelo okulungisa kwizinto ezifunyanisiwe zohlalutyo oluthe vetshe ezivezwe nguMhlalutyi Jikelele wase Mzantsi Afrika zijongwa yiKomiti yoHlalutyo rhoqo ngekota.

Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi kulo mba iza kugqityezelwa emva kokugqitywa kweNgxelo yoPhicotho-zincwadi.



---

**Mnu. Ameen Amod**

**uMhlali ngaphambili weKomiti yoPhicotho-zincwadi weQela lezeNtlalo**

**iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo**

**Umhla: 31 kweyeKhala 2019**

## ICANDELO D: IMICIMBI YOLAWULO LWEZABASEBENZI

---

## **1. IINKCUKACHA-MANANI ZOKONGAMELA IMICIMBI YEZABASEBENZI**

### **1. INTSHAYELELO**

Abasebenzi baqeshwe liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, kwaye iinkcukacha ezifanelekileyo ziyavela kwiNgxelo yoNyaka ye-DCAS.

### **2. IINKCUKACHA-MANANI ZOKONGAMELA IMICIMBI YEZABASEBENZI**

Ezi nkcukacha-manani zixelwe kwiNgxelo yoNyaka yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

# ICANDELO E: IINKCUKACHA NGEZEMALI

---

- 1. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI WANGAPHANDLE**
- 2. IINGXELO ZEMALI ZONYAKA**



## INgxelo lomphicothi-zincwadi jikelele kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni kwiKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

### INgxelo kuphicotho-zincwadi yeengxelo zemali

#### Uluvo

1. Ndiziphicothile iincwadi zeengxelo zemali yeKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ezibekwe ukusuka kwiphepha lesi-62 ukuya kwelama-102, okuqulathe ingxelo yobume bezemali ngokowama-31 kweyoKwindla wama-2019, ingxelo yendlela yokusetyenziswa kwemali, ingxelo yotshintsho kwii-asethi eziseleyo nengxelo yokuhanjiswa kwemali kunye nengxelo yothelekiso lweenkcukacha zohlahlo lwabiwo-mali nezona nkcukacha zizizo zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019, kwakunye namanqaku kwiingxelo zemali, kuquka isishwankathelo semigaqo-nkqubo ephambili ye-akhawunti.
2. Kuluvo lwam, iingxelo zemali ziboniswe ngokufanelekileyo, kuzo zonke izinto ezibonakalayo, ubume bemali beKomiti yeNkcubeko yeNtshona Koloni ngokowama-31 kweyoKwindla wama-2019, nendlela yayo yokusetyenziswa kwemali nokuhamba kwemali yonyaka othe waphela ngokungqinelana neMigangatho yoMzantsi Afrika yoBugcisa beNdlela yokuBalwa kweMali eYamkelweyo (i-SA Standards of GRAP), iimfuno zoMthetho wokuLawula iMali kaRhulumente woMzantsi Afrika, we-1999 (uMthetho onguNombolo woku-1 we-1999) (i-PFMA) necandelo le-15 (5) loMthetho weKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni noMthetho wamaBhunga eNkcubeko, we-1998 (uMthetho Nombolo we-14 we-1998) (WCCCA).

#### Isiseko soluvo

3. Ndiqhube uphicotho-zincwadi ngokungqinelana neMigangatho yeHlabathi kuPhicotho-zincwadi (ISAs). Uxanduva lwam phantsi kwaloo migangatho luchazwe ngakumbi kwiimfanelo zomphicothi-zincwadi jikelele zophicotho lwecandelo leengxelo zemali zale ngxelo yomphicothi.
4. Ndiliqumrhu loluntu oluzimeleyo ngokungqinelana necandelo lama-290 nelama-291 lindlela yokuziphatha yeBhodi yeMigangatho yeNdlela yokuziphatha yeHlabathi yabaCwangcisi-mali yobuchule bocwangciso-mali kunye, nengxenywe yoku-1 neyesi-3 yeBhodi yeMigangatho yeNdlela yokuziphatha yeHlabathi yeNdlela yokuziphatha yeHlabathi yabaCwangcisi-mali (kuquka iMigangatho yokuZimela yeHlabathi) (ikhowudi ye-IESBA), kwakunye nezidingo zemikhwa esesikweni efanele uphicotho lwam eMzantsi Afrika. Ndiyifezekisile eminye imikhwa esesikweni yoxanduva olungqinelana nezi zidingo kwaneekhowudi ze-IESBA.
5. Ndiyathemba ukuba ubungqina bophicotho-zincwadi endibufumeneyo banele kwaye bufanelekile ukuba bungabonelela isiseko soluvo lwam.

**Uxanduva lomcwangcisi-mali osemagunyeni weengxelo zemali**

6. Umcwangcisi-mali osemagunyeni unoxanduva lomboniso olungiselelweyo nofanelekileyo weengxelo zemali ngokungqinelana neMigangatho yoMzantsi Afrika ye-GRAP neyezidingo ze-PFMA, kunye nolawulo lwangaphakathi olunjalo njengoko umcwangcisi-mali osemagunyeni enako ukumisela ulungiselelo lweengxelo zemali olungenaziphoso, nokokuba kungenxa yobumenemene okanye imposiso.
7. Ekulungiseleleni iingxelo zemali, umcwangcisi-mali unoxanduva lokuhlola ukubanako kweKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukuqhubeka ngenkathalo, ukubhengeza, njengoko kufanele, imiba enxulumene nomcimbi okuqhebekayo nokusebenzisa isisekelo esiqhubekayo somcimbi wogcino-mali ngaphandle kokuba ulwaxhiwo lolawulo olufanelekileyo lungaba lufuna ukubhangisa iqumrhu okanye liyeke ukusebenza, okanye alunanto isengqiqweni iyenye kodwa lenze oko.

**Uxanduva lomphicothi-zincwadi jikelele wokuphicotha iingxelo zemali**

8. Iinjongo zam kukufumana ingqinisekiso efanelekileyo yokuba ingaba iingxelo zemali zizonke azinaziphoso, nokokuba kungenxa yobumenemene okanye isiphoso, ndize ndikhuphe ingxelo yophicotho-zincwadi equka uluvo lwam. Ingqinisekiso efanelekileyo yeyeqondo eliphezulu lengqinisekiso, kodwa akukho siqinisekiso sokuba uphicotho-zincwadi olwenziweyo ngokungqinelana nee-ISAs luya kusoloko lufumana iziphoso xa lukhona. Iziphoso zingavela kubumenemene okanye isiphoso kwaye zithathwa njengento ukuba, ngokobunye, okanye ngokuqukeneyo, kungalindeleka ukuba zibe nefuthe kwizigqibo zoqoqosho zabasebenzisi ezithathwayo kwisiseko seengxelo zemali.
9. Inkcazelo eyongezelelekileyo yoxanduva lwam yophicotho-zincwadi lweengxelo zemali iqukiwe kwisihlomelo sale ngxelo yophicotho-zincwadi.

***Ingxelo kuphicotho-zincwadi lwengxelo yokwenziwa komsebenzi yonyaka***

**Intshayelelo nobubanzi**

10. Ngokungqinelana noMthetho woPhicotho-zincwadi zoLuntu loMzantsi Afrika, wama-2004 (uMthetho uNombolo wama-25 wama-2004) (i-PAA) nenqaku ngokubanzi elikhutshwe ngokumalunga noko, ndinoxanduva lokunika ingxelo ngezinto ezifunyanisiweyo kwiinkcukacha zokwenziwa komsebenzi ezexeliweyo malunga neenjongo ezimiselwe kwangaphambili zenjongo ekhethiweyo yesicwangciso esiboniswe kwingxelo yokwenziwa komsebenzi yonyaka. Ndizenzile iinkqubo zokuchonga okufunyanisiweyo kodwa ndingaqqoleli bungqina bokwenza ingqinisekiso.
11. Iinkqubo zam ziqubisana neenkukacha zokwenziwa komsebenzi, ekufuneka kusekelwe kumaxwebhu esicwangciso sequmrhu sokwenziwa komsebenzi esivunyiweyo. Andikuvavanyanga ukugqibelela nokufaneleka kwezalathiso zokwenziwa komsebenzi eziqukiweyo kumaxwebhu acwangcisiweyo. Iinkqubo zam zange zanabele kuzo naziphi na izibhengezo okanye ubungqina obunxulumene

neqhingana lokwenziwa komsebenzi ocwangcisiweyo neenkukacha ngokubhekiselele kumaxesha ezayo anokuqukwa njengengxenyane yeenkcukacha zokwenziwa komsebenzi ezixeliweyo. Ngokunjalo, endikufumanisileyo akunabelanga kule miba.

12. Ndiluvavanyile uncedo nokufaneleka kweenkcukacha zokwenziwa komsebenzi ezixeliweyo ngokungqinelana nemimiselo yokuphuhlisa ulawulo lokwenziwa komsebenzi nesakhelo sokunika ingxelo, njengoko ichaziwe kwinqaku ngokubanzi, ngenjongo yesi sicwangciso sikhethiweyo silandelayo siboniswe kwingxelo yokwenziwa komsebenzi wequmrhu ngokonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019:

INjongo eCwangcisiweyo	Amaphepha akwingxelo yokwenziwa kwemisebenzi yonyaka
Ukulondozwa, ukukhuthazwa nokuphuhlisa kobugcisa nenkcubeko ngosetyenziswo lwamabhunga enkcubeko, ulawulo lwamaziko enkcubeko, nekomiti yesalathiso solwaluko	22

13. Ndizenzile iinkqubo zokuqinisekisa ukuba ingaba iinkukacha zokwenziwa komsebenzi zaboniswa ngokufanelekileyo na nokuba ukwenziwa komsebenzi kwakuvumelana nokuvunywa kwamaxwebhu okwenziwa komsebenzi acwangcisiweyo. Ndenze nezinye iinkqubo ukuqinisekisa ukuba ingaba izalathiso nokunxulumene nokujoliswe kuko bekunomlinganiselo kukulungele na, kwaye kuhloliwe ukufaneleka kweenkcukacha zokwenziwa komsebenzi oxeliweyo ukuqinisekisa ukuba ingaba bekusemthethweni, kuchanekile kwaye kugqibelele na.
14. Andikhange ndiveze nazo neziphi na izinto ezifumanekisiweyo kuncedo nasekulungeleni kweenkcukacha zokwenziwa komsebenzi ezixeliweyo zale njongo yesicwangciso:

Ukulondozwa, ukukhuthazwa nokuphuhlisa kobugcisa nenkcubeko ngosetyenziswo lwamabhunga enkcubeko, ulawulo lwamaziko enkcubeko, nekomiti yesalathiso solwaluko

**Omnye umba**

15. Nditsala umdla kumba ongezantsi.

**Uzalisekiso lokujoliswe kuko okucwangcisiweyo**

16. Jonga kwingxelo yokwenziwa komsebenzi yonyaka kwiphepha lama-22 ukufumana iinkukacha kuzalisekiso lokujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka.

**INgxelo kuphicotho-zincwadi lokuthotyelwa kowiso-mthetho**

**Intshayelelo nobubanzi**

17. Ngokungqinelana ne-PAA kunye nenqaku ngokubanzi elikhutshwe ngokubhekiselele koko, ndinoxanduva lokunika ingxelo yezinto ezifumanekileyo kuthotyelo lwequmrhu kunye nemiba ethile kuwiso-mthetho olungundoqo. Ndenze iinkqubo zokuchonga okufumanekileyo kodwa ndingaqokeleli bungqina bokwenza ingqinisekiso.
18. Andikhangeni ndiziveze izinto ezifumanekisiweyo kuthotyelo nemiba ethile kuwiso-mthetho olungundoqo olumisiweyo kwinqaku jikelele elikhutshwe ngokubhekiselele kwi-PAA.

**Ezinye iinkcukacha**

19. Umcwangcisi-mali unoxanduva lwezinye iinkcukacha. Ezinye iinkcukacha ziquka ulwazi olubandakanywe kwingxelo yonyaka equka imbula-mbethe eyenziwe ngumhlali ngaphambili nesishwankathelo esenziwe ngumcwangcisi-mali osemagunyeni. Ezinye iinkcukacha aziziquki iingxelo zemali, ingxelo yomphicothi-zincwadi kunye neenjongo zesicwangciso ezikhethekileyo eziboniswe kwingxelo yokwenziwa komsebenzi yonyaka ethe yaxelwa ngokukodwa kule ngxelo yomphicothi-zincwadi.
20. Uluvo lwam kwiingxelo zemali nokufunyenweyo kwiinkcukacha zokwenziwa komsebenzi ezixeliweyo kunye nokuthobelana nowiso-mthetho aziziqukathanga ezinye iinkcukacha kwaye andichazi luvo lwaphicotho okanye luvo okanye naluphi na uhlobo lwengqinisekiso yesiphelo ngako oko.

Ngokunxulumene nophicotho-zincwadi lwam, uxanduva lwam kukufunda ezinye iinkcukacha kwaye, ngokwenza oko, ndithathe ingqalelo yokuba ingaba ezinye iinkcukacha azingqinelani neengxelo zemali kwaye injongo yesicwangciso ekhethekileyo eboniswe kwingxelo yokwenziwa komsebenzi yonyaka, okanye ulwazi lwam lufunyenwe kuphicotho-zincwadi, okanye kungenjalo ibonakala inemphosiso ebalulekileyo.

*Ukusilela kolawulo lwangaphakathi*

21. Ndiluthatha ulawulo lwangaphakathi njengolufanelekileyo kuphicotho-zincwadi lwam lweengxelo zemali, iinkcukacha zokwenziwa komsebenzi ezixeliweyo kunye nokuthotyelwa kowiso-mthetho; ngako ko, injongo yam ibingekokucacisa naluphi na uhlobo lwengqinisekiso kuwo. Andikhange ndichonge nako nakuphi na ukusilela okuphambili kulawulo lwangaphakathi.

eKapa

kowama-31 kweyeKhala wama-2019



AUDITOR - GENERAL  
SOUTH AFRICA

*Auditing to build public confidence*

### Isihlomelo – Uxanduva lomphicothi-zincwadi jikelele lophicotho

1. As part of an audit in accordance with the ISAs, I exercise professional judgement and maintain professional scepticism throughout my audit of the financial statements, and the procedures performed on reported performance information for selected strategic objective and on the entity's compliance with respect to the selected subject matters Njengengxenye yophicotho ngokungqinelana ne-ISAs, ndisebenzisa intelekelelo yobungcali ndize ndigcine intandabuzo ngobungcali kulo lonke uphicotho lwam lweengxelo zemali, kwaye iinkqubo ezenziweyo kwiinkcukacha zokwenziwa komsebenzi ezixeliweyo zinjongo yesicwangciso esikhethekileyo nokuthobelana kwequmrhu malunga nemiba yezihloko.

### Iingxelo zemali

2. Ukongeza kuxanduva lwam lokuphicotha iingxelo zemali njengoko kuchaziwe kule ngxelo yophicotho-zincwadi, ndikwa:
  - chonge ndahlola imingcipheko yezinto eziziphoso kwiingxelo zemali nokokuba kungenxa yobumenemene okanye isiphoso, uyilo nokwenza iinkqubo zophicotho kulo mingcipheko, kunye nokufumana ubungqina bophicotho oloneleyo nolufanelekileyo ukubonelela ngesiseko soluvo lwam. Umngcipheko wokungafumani izinto eziziphoso ezingumphumela wobumenemene ungaphezulu kunumphumela wemposiso, njengokuba ubumenemene bunokuquka iyelenqe, ukuqhatha, ushiyo lwangabom, ukugqwetha, okanye ukungananzwa kolawulo lwangaphakathi
  - fumanisa ukuqondwa kolawulo lwangaphakathi olufaneleke kuphicotho-zincwadi ukuze kuyilwe iinkqubo zophicotho ezifanele iimeko, kodwa kungesosizathu sokuchaza uluvo ekusebenzeni kolawulo lwangaphakathi lwequmrhu
  - vavanya ukulungela kwemigaqo-nkqubo yogcino-mali olusetyenzisiweyo nokululungeleyo uqikelelelo logcino-mali nezibhengezo ezinxulumeneyo ezenziwe ngumcwangcisi-mali osemagunyeni
  - phetha ngokufaneleka komcwangcisi-mali osemagunyeni ekusebenziseni isisekelo esiqhubekayo sogcino-mali kulungiselelo lweengxelo zemali. Ndikwagqibezela, ngokusekelezele kubungqina bophicotho-zincwadi obufunyenweyo, nokokuba ukungaqiniseki kwezinto kukhona okunxulumene nezinto ezenzekayo okanye iimeko ezinokuthi zidibanise ukuthandabuza okukhulu ekukwazini kweKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukuqhubeka kwenkathalo ekhoyo. Ukuba ndigqibezela ngokuthi ukuthandabuza okukhoyo, kufuneka nditsale umdla kwiingxelo yophicotho-zincwadi yam ukunxulumanisa izibhengezo kwiingxelo zemali malunga nokungaqiniseki okanye, ukuba izibhengezo ezinjalo azonelanga, ukulungisa uluvo lweengxelo zemali. Iziphelo zam zisekelwe kwiinkcukacha ezifumanekayo kum kumhla wale ngxelo

yophicotho-zincwadi. Nangona kunjalo, iziganeko ezizayo okanye iimeko zingenza iqumrhu liphelise ukuqhubeka kwenkxalabo.

- vavanya umboniso uwonke, isakhelo nomxholo weengxelo zemali, ukuquka izibhengezo, nokuba ingaba iingxelo zemali limele iintengiselwano neziganeko kwimeko apho kuzaliseke ukulunga komboniso

**Unxibelelwano kunye nabo bahlawulisiweyo ngolawulo**

3. Ndinxibelelana nomcwangcisi-mali osemagunyeni ngokumalunga, phakathi kweminye imiba, ububanzi obucwangcisiweyo nexesha lokuphicotha nokufunyenwe kuphicotho, kuquka naziphi na iziphoso ezibalulekileyo kulawulo lwangaphakathi endiluchongileyo ngexesha lophicotho lwam lweencwadi
4. Ndikwangqinisisa kumcwangcisi-mali osemagunyeni ukuba ndihambelene kunye neemfuno zemikhwa esemthethweni efanelekileyo ngokumalunga nokuzimela, kunye nokunxibelelana nabo bonke ubudlelwane neminye imiba enokuba icingelwe ekufumani indawo ekuziphatheni kwam kwaye, apho kufanelekileyo, kukhuselwe ukunxulumana.

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### INgxelo yoBume bezeMali ngokowama-31 kweyoKwindla wama-2019

	Inqaku (Ama)	2019 R '000	2018 R '000
<b>li-Asethi</b>			
<b>li-Asethi eziKhoyo</b>			
Imali ezinkozo nokulingana nayo	3	2 751	1 831
Intlawulo ezifunyenweyo kwiintengiselwano zonaniselwano	4	242	127
		<b>2 993</b>	<b>1 958</b>
<b>li-Asethi ziZonke</b>			
		<b>2 993</b>	<b>1 958</b>
<b>Amatyala</b>			
<b>AmaTyala aKhoyo</b>			
Intlawulo ezivela kwiintengiselwano zonaniselwano	5	1 183	696
		<b>1 183</b>	<b>696</b>
<b>INTsalela yee-Asethi</b>			
		<b>1 810</b>	<b>1 262</b>
Intlanganisela yentsalela		1 810	1 262



## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### INgxelo yokuSetyenziswa kweMali

		2019	2018
	Inqaku (Ama)	R '000	R '000
<b>Ingeniso</b>			
<b>Ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano</b>			
Imirhumo evela kumaziko	6	1 961	1 786
Ingeniso yenzala	7	129	180
Enye ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano	8	1 165	135
<b>Iyonke ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano</b>		<b>3 255</b>	<b>2 101</b>
<b>Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezozananiselwano</b>			
Enye ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezozananiselwano	9	590	546
Udluliselo nezibonelelo ezifunyenweyo	10	1 506	1 183
<b>Iyonke ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezozananiselwano</b>		<b>2 096</b>	<b>1 729</b>
<b>Iyonke ingeniso</b>		<b>5 351</b>	<b>3 830</b>
<b>Inkcitho</b>			
Imirhumo yophicotho-zincwadi	12	(94)	(153)
Inkcitho ngokubanzi	13	(4 496)	(4 468)
Imirhumo yamalungu	14	(63)	(62)
Udluliselo nezibonelelo ezihlawuliweyo	15	(150)	(30)
<b>Iyonke inkcitho</b>		<b>(4 803)</b>	<b>(4 713)</b>
<b>Intsalela (intsilelo) ngonyaka</b>		<b>548</b>	<b>(883)</b>

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### INgxelo yeNguquko kwiNtsalela yee-Asethi

	Intlanganisela yentsalela R '000	Iyonke intsalela yee-asethi R '000
<b>Intsalela ngowoku-1 kuTshazimpuzi wama-2017</b>	<b>2 145</b>	<b>2 145</b>
linguquko kwintsalela yee-asethi	(883)	(883)
Intsalela ngonyaka	(883)	(883)
Zizonke iinguquko	<u>(883)</u>	<u>(883)</u>
<b>Intsalela ngowoku-1 kuTshazimpuzi wama-2018</b>	<b>1 262</b>	<b>1 262</b>
linguquko kwintsalela yee-asethi	548	548
Intsalela ngonyaka	548	548
Zizonke iinguquko	<u>548</u>	<u>548</u>
<b>Intsalela ngowam-31 kweyoKwindla wama-2019</b>	<b>1 810</b>	<b>1 810</b>

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### INgxelo yokuHanjiswa kwemali

		2019	2018
	Inqaku (Ama)	R '000	R '000
<b>Ukuhanjiswa kwemali evela kwimisebenzi eqhubekayo</b>			
<b>Irisithi</b>			
Irisithi zemali ezinkozo		4 494	3 077
Ingeniso yenzala		128	180
		4 622	3 257
<b>Iintlawulo</b>			
Imali ezinkozo ehlawuliweyo		(3 702)	(4 331)
<b>Intsalela yokuhanjiswa kwemali ezinkozo from kwimisebenzi eqhubekayo</b>	16	<b>920</b>	<b>(1 074)</b>
<b>Intsalela engaphezu/ (ngaphantsi) kwimali ezinkozo nokulingana nayo</b>		<b>920</b>	<b>(1 074)</b>
Imali ezinkozo nokulingana nayo ekuqaleni konyaka		1 831	2 905
<b>Imali ezinkozo nokulingana nayo ekupheleni konyaka</b>	3	<b>2 751</b>	<b>1 831</b>

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNngxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### INgxelo yoThelekiso loHlahlo lwabiwo-mali nesona sixa-mali sisiso

#### UHlahlo lwabiwo-mali

#### IuSekelwe kwiMali ezinkozo

	UHlahlo lwabiwo- mali oluvunyiwey o	ULungiso loHlahlo lwabiwo- mali lokuGqibela	UHlahlo lwabiwo- mali lokuGqibela	Esona sixa- mali ngokusekel we kuthelokiso	Umahluko phakathi kohlahlo lwabiwo- mali lokugqibela nesona sixa- mali	Isalathiso
	R '000	R '000	R '000	R '000	R '000	

#### INgxelo yokuSetyenziswa kweMali

#### Ingeniso

#### Ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano

Imirhumo evela kumaziko	1 431	-	1 431	1 961	530	20.1
Ingeniso yenzala	100	-	100	129	29	20.2
Enye ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano	-	-	-	1 165	1 165	20.3
Enye ingeniso – i-Akhawunti yoTyalo-mali	1 228	-	1 228	-	(1 228)	20.4

#### Iyonke ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano

	2 759	-	2 759	3 255	496	
--	-------	---	-------	-------	-----	--

#### Ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezozananiselwano

Udluliselo nezibonelelo ezifunyenweyo	1 506	-	1 506	1 506	-	
Enye ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezozananiselwano	-	-	-	590	590	20.5

#### Iyonke ingeniso evela kwiintengiselwano

	1 506	-	1 506	2 096	590	
--	-------	---	-------	-------	-----	--

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### ezingezozaniselwano

<b>Iyonke ingeniso</b>	<b>4 265</b>	<b>-</b>	<b>4 265</b>	<b>5 351</b>	<b>1 086</b>	
<b>Inkcitho</b>						
Imirhumo yamalugu	(68)	-	(68)	(63)	5	
Udluliselo nezibonelelo ezihlawuliweyo	(150)	-	(150)	(150)	-	
Imirhumo yophicotho-zincwadi	(92)	-	(92)	(94)	(2)	
Inkcitho ngokubanzi	(3 955)	-	(3 955)	(4 496)	(541)	20.6
<b>Inkcitho iyonke</b>	<b>(4 265)</b>	<b>-</b>	<b>(4 265)</b>	<b>(4 803)</b>	<b>(538)</b>	
<b>Intsalela</b>	<b>-</b>	<b>-</b>	<b>-</b>	<b>548</b>	<b>-</b>	
<b>Esona Sixa-mali siSekelwe kuThelekiso njengoko kuBonisiwe kuHlahlo lwabiwo-mali neNgxelo yolona Thelekiso lululo</b>	<b>-</b>	<b>-</b>	<b>-</b>	<b>548</b>	<b>548</b>	

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### UHlahlo lwabiwo-mali

IuSekelwe kwiMali ezinkozo

	UHlahlo lwabiwo-mali oluvunyiweyo	ULungiso loHlahlo lwabiwo-mali lokuGqibela	UHlahlo lwabiwo-mali lokuGqibela	Esona sixa-mali ngokusekelwe kuthelekiso	Umahluko phakathi kohlahlo lwabiwo-mali lokugqibela nesona sixa-mali	Isalathiso
	R '000	R '000	R '000	R '000	R '000	
<b>INgxelo yokuSetyenziswa kweMali</b>						
<b>Ukuvumelanisa (kufuneka kuvezwe ukuba esona sixa-mali asithelekiswanga nohlahlo lwabiwo-mali)</b>						
Umahluko wokulawula ukwenzeka kwento Okusebenzayo				548		
Umahluko wequmrhu Okusebenzayo				-		
<b>Esona Sixa-mali kwiNgxelo yokuSetyenziswa kweMali</b>				<b>548</b>		

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

IiNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **1. Ukuboniswa kweeNgxelo zeMali yoNyaka**

Iingxelo zemali yonyaka zilungiselelwe ngokungqinelana neNdlela yokuBalwa kweMali eYamkelweyo (GRAP), ekhutshwe yiBhodi yeMigangatho yoCwangciso-mali ngokungqinelana neCandelo lama-91(1) loMthetho woLawulo lweMali yoLuntu (uMthetho woku-1 we-1999).

Iingxelo zemali yonyaka zilungiselelwe phezu kwesisekelo sokongezelelwa kocwangciso-mali kwaye zingqinelana nembali yendleko yesivumelwano njengesiseko somlinganiselo, ngaphandle kokuba kuchaziwe. Ziboniswe ngokweRandi yoMzantsi Afrika..

Yonke imali isondezwe kufutshane newaka.

Isishwankathelo semigaqo-nkqubo yocwangciso-mali olunentsingiselo ethile, esetyenziswe ngokuvumelanayo nolungiselelo lwezingxelo zemali zonyaka, zibhengezwe ngezantsi.

#### **1.1 Iingcinga ngeshishini elihambayo**

Ezi ngxelo zemali yonyaka zilungiselelwe ngokusekelwe kokulindelekileyo ukuba iqumrhu liqhube ukusebenza njengeengcinga ngeshishini elihambayo ubuncinane kwiinyanga ezili-12 ezizayo.

#### **1.2 Izigwebo ezibalulekileyo nemvelaphi yokungabikho kwengqiniseko yothelekelelo**

Iqumrhu lenza uthelekelelo nokucingela okubandakanya ixesha elizayo. Imiphumela yothelekelelo locwangciso-mali aluzi kuchazwa ngokulinganayo nezona ziphumo zizizo. Uthelekelelo nezigwebo ziyaqhubeka ukuvavanywa kwaye kusekelwe kwembali yamava nezinye iimeko, kuquka okulindelekileyo kweziganeko ezizayo ekukholelwa ukuba ziphantsi kweemeko. Uthelekelelo neengcinga ezinomngcipheko obalulekileyo obangela ulungiso lwento ukuthwala izixa zee-asethi namatyala kunyaka-mali olandelayo zixoxiwe ngezantsi.

#### **Iintlawulo ezifumanekayo**

Iqumrhu lihlola iintlawulo zalo ezifumanekayo ngokunciphisa ekupheleni kwexesha ngalinye lokunika ingxelo. Ekumiseni ukuba ingaba ilahleko yokuncitshiswa kufuneka irekhodwe kwintsalela okanye kwintsilelo na, iqumrhu lenza izigqibo zokuba ingaba zikhona na iinkcukacha eziqaphelekayo ezalatha ukucuthwa komlinganiselo kuqikelelelo lokuhanjiswa kwemali evela kwii-asethi zemali.

Ukuncitshiswa kwentlawulo ezifumanekayo kubalelwa kokusekelwe kwipotfoliyo, esekelwe phezu kwelahleko yomlinganiselo wembali, elungiselelwe uzwelonke neemeko zoqoqosho ngokukodwa kushishino nezinye izalathiso eziboniswa kumhla wokwenza ingxelo inxulunyaniswa nokusilela kwipotfoliyo. Le lahleko yemilinganiselo yonyaka isetyenziswa kwiintsalela zetyala kwipotfoliyo kwaye zikalishwa kwilahleko eqikelelwe kwixesha lohlu.

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

IiNngxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **Isibonelelo sokunciphisa**

Uqikelelo lokuncitshiswa kweentlawulo ezifumanekayo lwenziwa xa ukuqokelelwa kwemali iyonke kungasenzeki. Isibonelelo setyala lokunciphisa kufuneka sibalwe kokufumanekayo kurhwebo kuphela. Lulonke ubonelelo lokuncitshiswa kwequmrhu kwakubalwa ngokwetyala lobuqu okanye ubuncinane ngokodidi lomngcipheko ngamnye.

#### **1.3 Ipropati, umzimveliso nezixhobo**

Ipropati, umzimveliso nezixhobo zii-asethi ezinokuphathwa ezingasetyenziswayo (kuquka ii-asethi zamaziko akhoyo) ezigcinelwe ukusetyenziswa kuveliso okanye kunikezelo lwempahla okanye iinkonzo, uqeshiso kwezinye, okanye iinjongo zolawulo, kwaye zilindeleke ukuba zisetyenziswe ngethuba elingaphezu kwesinye ngethuba lokunika ingxelo.

Indleko yoluhlu lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo yamkelwa njenge-asethi xa:

- iinokwenzeka ukuba ibeyinzuzo yoqoqosho oluzayo okanye okunxulumene nento eyakuthi ihanjiselwe kwiqumrhu; kwaye
- indleko okanye ixabiso elifanelekileyo yento ingalinganiselwa ngokwentembeke.

Ipropati, umzimveliso nezixhobo zamkelwe kuqala ngendleko.

Indleko yoluhlu lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo lixabiso ekuthengwa ngalo nezinye iindleko ezibalelwa ekuziseni ii-asethi kwindawo nakwisimo esifuneka sibenako ukusebenza ngendlela elindelwe ngabalawuli. Izaphulelo zorhwebelwano nezaphulelo zemali zitsalwa ekufikeni kwendleko.

Apho i-asethi ifumaneka ngaphandle kwendleko, okanye ngendleko encinci, indleko yayo ibalixabiso elifanelekileyo ngomhla wokufunyanwa.

Apho uluhlu lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo ifuneka kunaniselwano lwe-asethi engeyoyamali okanye ii-asethi zemali, okanye indibaniselwano yazo yemali nee-asethi ezingezozamali, i-asethi efumanekileyo ilinganiselwe kuqala kwixabiso elifanelekileyo (indleko), ngaphandle kwexabiso elifanelekile lokokuba i-asethi efunyenweyo okanye i-asethi encanyiweyo ilinganiselwe ngokuthembekileyo. Ukuba into efunwayo ayilinganiselwanga kwixabiso elifanelekileyo, indleko yayo ingalinganiselwa kwisixa-mali esikhoyo se-asethi encanyiweyo.

Xa izixhobo ezibalulekileyo zoluhlu lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo zentlalo eziluncedo olwahlukileyo, zicwangciswe njengoluhlu lwezinto ezahlukileyo (izixhobo ezingundoqo) zepropati, umzimveliso nezixhobo.



## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

Iindleko ziquka iindleko ezenzeke okokuqala ukufumana okanye ukwakha uluhlu lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo kunye neendleko ezenzeke mva ukongeza, ukubuyisela inxenye endaweni, okanye ukuyilungisa. Ukuba indleko yokubuyisela endaweni yamkelwe kwisixa-mali esikhoyo soluhlu lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo, isixa-semali esikhoyo senxenye ebuyiselwe endaweni sibuyekeziwe.

Izinto ezingundoqo ezilalelisileyo nezixhobo ezilindele ukusetyenziswa xa kufuneka ezilindeleke ukuba zisetyenziswe ngaphezu kwesinye ziqukiwe kwipropati, umzimveliso nezixhobo. Ukongeza, izinto ezilalelisileyo nezixhobo ezilindele ukusetyenziswa xa kufuneka zingasetyenziswa kuphela kuqhagamshelwano noluhlu lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo zibalwa njengepropati, umzimveliso nezixhobo.

Ukunikwa kwexabiso kwakhona kwenziwe njengesiqhelo esaneleyo kangangokuba isixa-mali esikhoyo asohlukanga kuyaphi kuneso besinokumiselwa kusetyenziswa kwexabiso elifanelekileyo ekupheleni kwexesha lokunikwa kwengxelo.

Nakuphi na ukunyuka kwesixa-mali esikhoyo, ngokwesizathu sokunikwa kwexabiso kwakhona, kuhlawulwe ngqo kwintsalela yexabiso elinikiweyo kwakhona Ukunyuka kwamkelwe kwintsalela okanye intsilelo kangangokuba ibuyisela umva ukuncipha kokunikwa kwexabiso kwakhona kwe-asethi efanayo ebe yamkelwe phambilini kwintsalela okanye intsilela.

Naluphi na uncitshiso kwisixa-mali esikhoyo, ngenxa yokunikwa kwexabiso kwakhona, samkelwe kwintsalela okanye kwintsilelo kwixesha langoku. Uncitshiso lufakwa ngqo kwintsilelo yexabiso elinikiweyo kwakhona kangangenxenye yayo nayiphi na intsalela yetyala kwintsalela yokuniswa kwexabiso kwakhona ngokubhekiselele kulo asethi.

Okulandela umlinganiselo wokuqala wepropati, umzimveliso nezixhobo kufakwa ngendleko engaphantsi kokuthotywa kwentlanganisela neelahleko zoncitshiso.

Ipropati, umzimveliso nezixhobo zithotyelwe kwisisekelo esingqalileyo phezu kwezinto zazo eziphilayo eziluncedo kwixabiso lazo loqikelelo olushiyekileyo.

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali

Ipropati, umzimveliso nezixhobo zithwelwe ngesixa-mali esinikwe ixabiso kwakhona, ngokubakwixabiso elifanelekileyo ngomhla wokunikwa kwexabiso kwakhona eliphantsi kokulandela ukuthotyelwa kwentlanganisela neelahleko zoncitshiso lwentlanganisela elandelayo. Ukunikelwa kwexabiso kwakhona kwenziwe ngokusesikweni okwaneleyo kangangokuba isixa-mali esithwelweyo singohluki kuneso besinokumiselwa kusetyenziswa ixabiso elifanelekileyo ekupheleni kwexesha lokunika ingxelo.

Nakuphi na ukunyuka kwexabiso eliphethweyo lee-asethi, ngenxa yesizathu solunikwa kwexabiso kwakhona, kuthathwa ngqo kwintsilela yokunikwa kwakhona kwexabiso. Ukunyuka kwamkelwe kwintsalela okanye intsilelo kangokukuba kubuyisela umva ukuhla kokunikwa kwexabiso kwakhona kwe-asethi efana neyamkelwe ngaphambili kwintsalela okanye intsilela.

Nakuphi na ukuhla kwisixa-mali esiphethweyo se-asethi, ngenxa yokunikwa kwakhona kwexabiso, kwamkelwe kwintsalela okanye nentsilelo kwixesha langoku. Ukuhla kufakwe kwintsalela yokunikwa kwexabiso kwakhona kangangokuba nayo nayiphi na intsalela yetyala elikhoyo kwintsalela yokunikwa kwakhona kwexabiso ngokubhekisele kulo asethi.

Ukuphila okuluncedo lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo kuhlolwe ngolu hlobo lulandelayo:

<b>Uluhlu</b>	<b>Umlinganiselo wokuphila okuluncedo</b>
Izithuthi ezincinci	20%
Izixhobo	25%
Isoftware yekhompnyutha	33,3%

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **1.3 Ipropati, umzimveliso nezixhobo (kuyaqhubeka)**

Ixabiso lentsalela, ukuphila okuluncedo nendlela yokucwangcisa ukuthoba kwexabiso ngalinye le-asethi kuphononongwe ekuphelelani komhla ngamnye wokunikwa kwendlelo. Ukuba okulindelekileyo kwahlukile kuqikelelo lwangaphambili, uguquko lubalwa njengoqikelelo locwangciso-mali.

Ukuhlaziya ukuphila okuluncedo lwe-asethi ngonyaka akudingi ukuba iqumrhu lide lilungise uqikelelo lwangaphambili; ngaphandle kokuba okulindelekileyo kuyohluka kuqikelelo lwangaphambili.

Inxenye nganye yoluhlu lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo ngendleko ebalulekileyo kunxulumano nendleko ephelileyo yoluhlu lwezinto ezithobe ixabiso ngokwahlukeneyo. Ukuthotywa kwexabiso ngethuba ngalinye kwamkelwe kwintsalela okanye kwintsilelo; ngaphandle kokuba iqukiwe kwisixa-mali senye i-asethi.

Uluhlu lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo lubuyekeziwe xa ii-asethi zilahliwe okanye xa inzuzo yoqoqosho ingasekho okanye inkonzo enokulindeleka ekusetyenzisweni i-asethi.

Inzuzo nelahleko evela kubuyekezo loluhlu lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo imiselwe njengomahluko phakathi kwengeniso yokulahlwa kwentsalela, ukuba ikhona, nesixa-mali soluhlu lwezinto eziphethweyo. Umahluko onjalo wamkelwe kwintsalela okanye kwintsilelo xa uluhlu lwezinto lusamkelwa.

Ubuyekezo oluvela kwizandla zesithathu soluhlu lwezinto zepropati, umzimveliso nezixhobo olwancitshiswayo, lwalahleka okanye lwancanywa lwamkelwe kwintsalela okanye kwintsilelo xa ubuyekezo lwentlawulo lufunyanwa.

#### **1.4 Izixhobo zemali**

Izixhobo zemali yequmrhu zihlelwe njengee-asethi okanye amatyala.

Izixhobo semali sisivumelwano nasiphi na esiphakamisa i-asethi yemali yequmrhu elinye netyala lemali okanye inzala eshiyekileyo yelinye iqumrhu.

Indleko yobuyiselo lwe-asethi yemali netyala lemali sisixa-mali apho i-asethi yemali okanye ityala lemali lilinganiselwa kulwamkelo lokuqala kuthatyathwe iintlawulo kwakhona eziyintloko, kudityaniswa okanye kuthatyathwe ubuyiselo lwemali eyongezelelweyo kusetyenziswa uhlobo lwenzala esebenzayo yawo nowuphi na umahluko phakathi kwesixa-mali sokuqala nesixa-mali esikhulileyo, nokuthatyathwa kwalo naluphi na uncitshiso (ngokuthe ngqo okanye ngokusetyenziswa kwe-akhawunti yesibonelelo) ukunciphisa okanye ukungazi.

Umngcipheko wezinga lenzala ngumngcipheko elithi ixabiso elifanelekileyo okanye ukuhanjiswa kwemali yexesha elizayo lesixhobo semali lizakutshintshatshintsha ngenxa yoguquko kwizinga lenzala yemarike.

Imali-mboleko ehlawuliweyo ngamatyala email, ngaphandle kweentlawulo zexesha elifutshane kwixesha letyala eliqhelekileyo.

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali

#### 1.4 Izixhobo zeMali (kuyaqhubeka)

##### Ukuhlela

Iqumrhu linezintlobo zilandelayo zee-asethi zemali (iintlelo nodidi) njengoko kubonisiwe kumphambili wengxelo yobume bemali okanye kwinqaku ngapha koko:

##### Uhlelo

Iintlawulo ezifunyenwe kwiintengiselwano

Imali ezinkozo nokulingana nako

##### Udidi

I-asethi yemali ilinganiselwa kwindleko yobuyiselo lwemali

I-asethi yemali ilinganiselwa kwindleko yobuyiselo lwemali

Iqumrhu linezintlobo zilandelayo zamatyala emali (iintlelo nodidi) njengoko kubonisiwe kumphambili wengxelo yobume bemali okanye kwinqaku ngapha koko:

##### Uhlelo

Iintlawulo ezivela zonaniselwano

kwiintengiselwano

##### Udidi

Ityala lemali lilinganiselwe kwindleko yobuyiselo lwemali

#### Umlinganiselo wokuqala wee-asethi zemali namatyala emali

Iqumrhu lilinganisela i-asethi yemali netyala lemali, ngaphezu kuloo mlinganiselo wamva kwixabiso elifanelekileyo, okokuqala kwixabiso elifanelekileyo kudityaniswa iindleko zentengiselwano ebalelwa ngqo ekufunyanweni okanye umba we-asethi yemali netyala-lemali.

Iqumrhu lilinganisela zonke ezinye ii-asethi zemali namatyala emali okuqala kwixabiso elifanelekileyo.

Iqumrhu kuqala lihlola ukuba oyena ndoqo wemali-mboleko yesivumelwano nyani yimali-mboleko. Ekuqaleni kolwamkelo, iqumrhu lihlalutya isivumelwano se mali-mboleko kwinxenye yezinto zalo nee-akhawunti zento nganye ngokwahlukeneyo. Ii-akhawunti zequmrhu zalo nxenye yemali-mboleko esivumelwano eyi:

- nzuzo yentlalo ngokungqinelana neSakhelo soLungiselelo noMboniso kunye neeNgxelo zeMali, apho ingumkhuphi wemali-mboleko; okanye
- ingeniso yokungengokwananiselwano, ngokungqinelana noMgangatho we-GRAP kwiNgeniso evela kwiiNtengiselwano zokungengokwananiselwano (Iirhafu noDluliselo), apho ingumxhamli wemali-mboleko.

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **1.4 Izixhobo zeMali (kuyaqhubeka)**

##### **Umlinganiselo olandelayo wee-asethi zemali namatyala emali**

Iqumrhu lilinganisela zonke ii-asethi zemali namatyala emali emva kolwamkelo lokuqala lisebenzisa iindidi:

- Izixhobo zemali ngexabiso elifanelekileyo inancial.
- Izixhobo zemali ngendleko yobuyiselo lwemali.
- Izixhobo zemali ngendleko.

Zonke ii-asethi zemali zilinganiselwa ngendleko yobuyiselo lwemali, okanye ngendleko, ziphantsi kophononongo loncitshiso.

Indleko yobuyiselo lwemali lwe-asethi yemali okanye ityala lemali sisixa-mali apho i-asethi yemali okanye ityala lemali lilinganiselwa kulwamkelo lokuqala kuthatyathwe iintlawulo eziyintloko, kudityaniswe okanye kuthatyathwe ubuyiselo lwemali eyongezelelekayo kusetyenziswa uhlobo lwenzala olusebenzayo lwawo nawuphi na umahluko phakathi kwesixa-mali sokuqala nesixa-mali esesikhulile, ze kuthatyathwe naluphi na uncitshiso (ngokuthe ngqo okanye ngokusetyenziswa kwe-akhawunti yesibonelelo) ngokunciphisa okanye ukungazi kumba we-asethi yemali.

##### **Iingcamango zokulinganiselwa kwexabiso elifanelekileyo**

Obona bungqina bububo bexabiso elifanelekileyo lixabiso elixelwe kwimarike esebenzayo. Ukuba imarike yesixhobo semali ayisebenzi, iqumrhu limisela ixabiso elifanelekileyo ngokusebenzisa indlela yokuxabisa. Obona bungqina bububo bexabiso elifanelekileyo. Injongo yokusebenzisa indlela yokuxabisa kukumisela ixabiso lentengiselwano elinokuba linomhla olinganiselwe ukuphepha unaniselwano olukhuthazwa ngolwamekelo olusebenza ngokuqhelekileyo. Indlela yokuxabisa iquka ukusebenzisa iintengiselwano zemarike yokuphepha phambi kokubanolwazi, amaqela akulungeleyo, ukuba akhona, walatha kwixabiso elifanelekileyo langoku lesinye isixhobo esifanayo, uhhlutyo lokuhanjiswa kwemali yesaphulelo nomfuziselo wokukhetha amaxabiso. Ukuba kukho ubuchule bokuxabisa obusetyenziswa ngokuqhelekileyo ngabathathi-nxaxheba bemarike ukubeka ixabiso kwisixhobo kwaye ukuba ubuchule bebuboniselwe ukubonelela uqikelelo oluthembekileyo lamaxabiso afunyenwe kwiintengiselwano zemarike eyiyo, iqumrhu lisebenzisa obo buchule. Ubuchule bokuxabisa obukhethiweyo benza ukusebenza ngokugcweleyo kokufaka isandla kwemarike kwaye kuxhomekeke kancinci kufako lwesandla esithile sequmrhu. Ibandakanya zonke iimeko apho abathathi nxaxheba bemarike banokucinga ukumisela ixabiso kwaye kuvumelana nezicwangciso zoqoqosho oluvunyiweyo lokunika ixabiso kwizixhobo zemali. Ngokuhlal'ivela, iqumrhu liqinisekisa ubuchule bokuxabisa nokuluvavanyela ukulungela kwalo ukusebenzisa amaxabiso avela kuzo naziphi na iintengiselwano zemarike eziqaphelekayo kwisixhobo esifanayo (oko kukuthi ngaphandle kolungiso okanye ukuhlanganisa) okanye kusekelwe kwiinkcukacha zayo nayiphi na imarike eqaphelekayo ekhoyo.

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **1.4 Izixhobo zeMali (kuyaqhubeka)**

Iintlawulo ezifumanekayo nezihlawuliweyo zexesha elifutshane azinasaphulelo apho ixesha lokuthenga ngetyala elinikezelweyo okanye elifumanekayo liyahambelana namagama asetyenziswayo kwicandelo likarhulumente, nokokuba kungokusebenza okuqingqiweyo okanye kowiso-mthetho.

#### **Inzuzo nelahleko**

Inzuzo okanye ilahleko ebangelwa lutshintsho kwixabiso elifanelekileyo le-asethi yemali okanye ityala lemali ilinganiselwa kwixabiso elifanelekileyo iqatshelwa kwintsalela okanye kwintsilelo.

Ngokwee-asethi zemali namatyala emali alinganiselwe kwindleko yobuyiselo lwemali okanye indleko, inzuzo okanye ilahleko ithathelwa ingqalelo kwintsalela okanye intsilelo xa i-asethi yemali okanye ityala lemali libuyekeziwe okanye lincitshisiwe, okanye ngenkqubo yobuyekezo.

#### **Ukuncitshiswa nokungaziwa kwee-asethi zemali**

Iqumrhu liyahlola ekupheleni kwexesha lokwenza ingxelo nganye ukuba ingaba bukho na ubungqina benjongo i-asethi yemali okanye iqela lee-asethi zemali ezincitshisiweyo na.

Ngokwesixa-mali esimelwe ukuhlawulwa kwiqumrhu, iingxaki eziphambili zemali zentlawulo efumanekayo, enokubangela ukuba intlawulo ezifumanekayo zingabhangiswa kunye nokusilela kwentlawulo konke kungathathwa njengezalathiso zoncitshiso.

Ii-asethi zemali ezilinganiselwe ngokwendleko yobuyiselo lwemali:

Ukuba kukho ubungqina benjongo apho ilahleko yoncitshiso kwii-asethi zemali elinganiselwe ngokwendleko yobuyiselo lwemali yenzekile, isixa-mali selahleko silinganiswe njengomahluko phakathi kwesixa-mali se-asethi nexabiso elikhoyo lokuhanjiswa kwemali eqikelelelwayo yexesha elizayo (kungabandakanywanga ilahleko yexesha elizayo elingakhange lenzeke) lesaphulelo kwixabiso lenzala elifanelekileyo le-asethi. Ixabiso le-asethi licuthwe ngokusebenzisa i-akhawunti yesibonelelo. Isixa-mali selahleko samkelwe kwintsalela okanye kwintsilelo.

Ukuba kwisithuba esilandelayo, isixa-mali selahleko yoncitshiso lihlile kwaye ukuhla kungaxulumana nenjongo yesiganeko esenzeke emva kokuba uncitshiso luqatshelwe, ilahleko yoncitshiso oluqatshelwe ngaphambili ibuyiselwa umva ngokulungelelisa i-akhawunti yesibonelelo. Ukubuyiselwa umva akunasixa-mali la-asethi yemali eggitha indleko yobuyiselo lwemali ebe inobayiyiyo ukuba uncitshiso belungaqatshelwanga ngomhla apho ukuncitshiswa bekubuyiselwe umva. Isixa-mali sokubuyiselwa umva siqatshelwe kwintsalela okanye kwintsilelo.

Apho ii-asethi zemali zincitshiwe ngokusebenzisa i-akhawunti yesibonelelo, isixa-mali selahleko siqatshelwa kwintsalela okanye kwintsilelo ekwinkcitho esebenzayo. Xa ii-asethi zemali ezinjalo zicinyiwe, ukucinywa kwenzeka kwi-akhawunti yesibonelelo efanelekileyo. Ubuyiselo kwakhona okulandelayo kwesixa-mali ebesicinyiwe ngaphambili kubalelwa kwinkcitho yomsebenzi.

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali

#### 1.4 Izixhobo zeMali (kuyaqhubeka)

Ii-asethi zemali ezilinganiselwa ngokwendleko:

Ukuba kukho ubungqina benjongo kunobo belahleko yoncitshiso eyenzekileyo kutyalo-mali lwenzala eyintsalela elinganiselwe kwixabiso elifanelekileyo kuba ixabiso elifanelekileyo alinakulinganiselwa ngokuthembekileyo, isixa-mali selahleko encitshisiweyo silinganiselwa njengomahluko phakathi kwesixa-mali se-asethi yemali nexabiso elikhoyo lokuhanjiswa kwemali eqikelelelwayo yexesha elizayo lesaphulelo kwixabiso langoku lokuthengisa kwi-asethi yemali efanayo. Iilahleko ezinjalo azibuyiselwa.

#### Ubuyekezo

##### Ii-asethi zemali

Iqumrhu lobuyekezo lwee-asethi zemali ngokusebenzisa ucwangciso-mali lomhla worhwebo.

Iqumrhu libuyekeza ii-asethi yemali kuphela xa:

- amalungelo esivumelwano kuhanjiso lwemali evela kwi-asethi yemali ephelilelweyo, esonjululweyo okanye erhoxisiweyo;
- udluliselo lwequmrhu kwelinye iqela kakhulu yonke imingcipheko nembuyiselo yobunini be-asethi yemali, okanye
- iqumrhu, nangona ligcine eminye yemingcipheko ebalulekileyo nembuyekezo yobunini be-asethi yemali, idlulisele ulawulo lwe-asethi kwelinye iqela kwaye elinye iqela linako ukuthengisa ii-asethi ngobungako bayo kwiqela lesithathu elinganxulumananga, kwaye linako ukusebenzisa lo mandla ngokobunye nangaphandle kokudinga uncedo lokuwisa izithintelo ezongezelelweyo kudluliselo. Kule meko, iqumrhu: -libuyekeza ii-asethi; kunye - linike ulwamkelo ngokwahlukeneyo lwawo nawaphi na amalungelo neembophelelo ezidalwe okanye ezigcinwe kudluliselo.

Isixa-mali sotshintshelo lwe-asethi sabelwe phakathi kwamalungelo nezibhambathiso ezigciniweyo nezo zitshintshelwe ngokusekelwe kumaxabiso azo afanelekileyo ngomhla wotshintshelo. Amalungelo amatsha enziwe kutsha nje alinganiselwa kumaxabiso awo afanelekileyo ngalo mhla. Nawuphi na umahluko phakathi kolwamkelo olufunyenweyo nesixa-mali esivunyiweyo nesingavunywanga kwintsalela okanye kwintsilelo kwixesha lotshintsho.

Ngobuyekezo lwe-asethi yemali ngobungako bayo, umahluko phakathi kwesixa-mali nesambuku semali sengcamango efunyenweyo ivunyiwe kwintsalela okanye kwintsilelo.

#### Amatyala emali

Iqumrhu lisusa ityala lemali (okanye inxenywe yetyala lemali) kwingxelo yalo lebumbe bezemali xa licinyiwe – oko kukuthi xa ukuzibophelela kuchaziwe kwisivumelwano kukhutshiwe, kurhoxisiwe, kuphelelwe okanye kuyekiwe.

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **1.4 Izixhobo zeMali (kuyaqhubeka)**

Unaniselwano phakathi komboleki okhoyo nombolekisi wezixhobo zetyala kunye nexesha libalelwe njengeliphelise ityala lemali yokuqala kwaye ityala elitsha lemali liqatshelwe. Ngokufanayo, ulungiso olukhulu lwexesha lwetyala lemali elikhoyo okanye inxenye yalo ibalelwe njengelicime ityala lemali lokuqala neliqaphela ityala elitsha lemali.

Umahluko phakathi kwesixa-mali setyala lemali (okanye inxenye yetyala lemali) elicinyiweyo okanye elidluliselwe kwelinye iqela kunye nentlawulo yengcamango, kuquka nalo naluphi na udluliselo lwee-asethi ezingezozamali okanye amatyala ayacingelwa, yamkelelwe kwintsalela okanye kwintsilelo. Nawaphi na amatyala ayekiweyo, axolelweyo okanye acingelwe lelinye iqumrhu ngendlela yentengiselwano engeyoyaniselwano achazwe ngokungqinelana neMigangatho ye-GRAP kwiNgeniso evela kwiiNtengiselwano eziNgezozaniselwano (liRhafu noDluliselo).

#### **1.5 Iimfanelo zezibophelelo**

Uluhlu luhlelwe njengeembophelelo xa iqumrhu lizibophelele kwiintengiselwano zexesha elizayo elizakuphumela ngokulula kuhanjiso lokuphuma kwemali.

Izibhengezo ziyafuneka ngokuphathelile kwiimfaneko zesivumelwano ezingamkelwanga.

Iimfaneko apho izibhengezo zifunekayo ukuzalisekisa umboniso ofanelekileyo kufuneka kubhengezwe kwinqaku kwiingxelo zemali, ukuba yomibini lemiqathango iyadibana:

- Izivumelwano kufuneka zingabinakurhoxiswa okanye kuphela zezirhoxisekayo ngendleko ephambili (umzekelo, izivumelwano zekhompyutha okanye iinkonzo zokulondoloza isakhiwo); kwaye
- Izivumelwano kufuneka zinxulumane nento ngaphezu komsebenzi wesiqhelo, ngokucothayo, ishishini lombuso lequmrhu – ngoko ke iimfaneko zomvuzo ezinxulumene nezivumelwano zengqesho okanye iimfaneko zenzuzo yokhuseleko lwentlalo alukhutshelwanga ngaphandle.

#### **1.6 Ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano**

##### **Ulwamkelo**

Ingeniso yamkelwa xa ifanele ukuba ibeyinzuzo kuqoqosho oluzayo okanye inkonzo enokwenzeka iya kulandela iqumrhu kwaye xa isixa-mali sengenisu sinokulinganiselwa ngentembeko, kwaye imiqathango ethile ifezekisiwe ngemisebenzi yequmrhu. Ingeniso evela ekunikezelweni kweenkonzo yamkelwe kwintsalela okanye kwintsilelo kumlinganiselo kwiqonga ekugqityweni kwentengiselwano ngomhla wokunikwa kwengxelo.



## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **1.6 Ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano (kuyaqhubeka)**

Intengiselwano yonaniselwano yenye apho iqumrhu lifumana ii-asethi okanye iinkonzo, okanye linamatyala acinyiweyo, kwaye linika ngqo ngokumalunga nexabiso elilinganayo (kakhulu ngohlobo lwempahla, iinkonzo okanye ukusetyenziswa kwee-asethi) kwelinye iqela kunaniselwano.

#### **Umlinganiselo**

Ingeniso ilinganiselwa kwixabiso elifanelekileyo lengqwalasela efunyenweyo okanye intlawulo efunyenweyo. Isixa-mali asicingelwanga njenomlinganiselo othembekileyo zide zonke iintandabuzo ezinxulumene nentengiselwano zisonjululwe.

#### **Inzala, amaqithiqithi nezabelo terest, royalties and dividends**

Inzala yamkelwe, kwintsalela okanye kwintsilelo, kusetyenziswa uhlobo lwezinga lenzala esebenzayo.

#### **1.7 Ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano**

#### **Ulwamkelo**

Ukungena kwezixhobo ezivela kwintengiselwano yonaniselwano eyamkelwe njenge-asethi iyakwamkelwa njengengeniso, ngaphandle kobungakanani bokuba ityala likwamkelwe ngokubhekiselele kungeno olufanayo.

Njengoko iqumrhu lisanelisa imbophelelo ekhoyo eyamkelwe njengetyala ngokubhekiselele ekungeneni kwezixhobo ezivela kwintengiselwano yonaniselwano lamkelwe njenge-asethi, inciphisa isixa-mali setyala elamkelweyo nesamkela isixa-mali sengeniso elingana nolo ncipho.

#### **Umlinganiselo**

Ingeniso kwintengiselwano evela kunaniselwano ilinganiselwa kwisixa-mali sokwanda kwentsalela ye-asethi eyamkelwe liqumrhu.

Xa, njengonobangela wentengiselwano yonaniselwano, iqumrhu lamkela i-asethi, likwamkela okulingana nengeniso kwisixa-mali se-asethi elinganiselwa kwixabiso elifanelekileyo le-asethi elinganiselwa kwixabiso elifanelekileyo kumhla wokufunyanwa, ngaphandle kokuba ikwafuneka yamkelle ityala. Apho ityala kufuneka lamkelwe liyakulinganiselwa njengolona qikelelo lwesixa-mali lifunekayo ukuhlawula imfanelo ngomhla wokunika ingxelo, nesixa-mali sokunyuka kwe-asethi eyintsalela, ukuba ikhona, yamkelwa njengengeniso. Xa ityala kamva licutywa, ngenxa yesiganeko esirhafelwayo esenzekayo okanye isimo sanelisekile, isixa-mali soncitshiso.

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **1.7 Ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano (kuyaqhubeka)**

##### **Izibonelelo zoxhomekeko neerisithi**

Ingeniso efunyenweyo evela kwizibonelelo zoxhomekeko, iminikelo nenkxaso-mali zamkelwe njengengeniso ukuya kuthi ga apho iqumrhu liye lahambelana nawo nawuphi na ummiselo, iimeko okanye iimbophelelo ezikwisivumelwano. Ukuya kuthi ga kummiselo, iimeko okanye iimbophelelo azizalisekiswa, ityala liyamkelwa.

Inzala efunyenwe kutyalo-mali ithathwa ngokungqinelana nezibonelelo zoxhomekeko. Ukuba iyahlawuleka kumniki-sibonelelo ibhalwa phantsi njengenxenywe yetyala kwaye ukuba akukho njalo, yamkelwa njengenzala efunyenwe kwingxelo yokusetyenziswa kwemali.

Izibonelelo ezibuyekeza iqumrhu ngenkcitho eyenzekileyo zamkelwa kwintsalela okanye intsilelo ngokwendlela esisiseko kwixesha elifanayo apho inkcitho yamkelwayo.

##### **Iinkonzo zesisa**

Iinkonzo zesisa zinkonzo ezinikezelwa ngabantu ngobunye babo kumaqumrhu, ngaphandle kwentlawulo, kodwa kungaphantsi kwemiqathango. Abaqeshwa bolawulo lwemali bequmrhu loLuntu babonelela ngenkxalo enexabiso kwiqumrhu ukuze lizalisekise iinjongo zalo. Inkonzo ekubonelelwa ngayo ingalinganiswa ngokuthembekileyo kwaye ngoko yamkelwa kwingxelo yokusetyenziswa kwemali ize ibhengenzwe kumanqaku kwiingxelo zemali.

#### **1.8 Intengiselwano yemali yamanye amazwe**

##### **Iintengiselwano zemali yamanye amazwe**

Iintengiselwano yelinye ilizwe iyarekhodwa, kulwamkelo lokuqala ngokweeRandi, ngokufaka isicelo semali kwelinye ilizwe lotshintshiselwano lwendawo phakathi kwemali esebenzayo kunye nemali yangaphandle ngomhla wentengiselwano.

Iintengiselwano ezenziwe kwimali zamanye amazwe iguqulelwa kwiqondo lemali yoniselwano ngomhla wentengiselwano. Izinto zemali ezenziwe kwimali zamanye amazwe ziguqulelwa kwiqondo lemali yoniselwano ngomhla wengxelo. Inzuzo nelahleko evela kwintengiselwano zihlawuliswa ngokumalunga nentsalela/intsililelo.

#### **1.9 Amanani okuthelekisa**

Apho kuyimfuneko, amanani okuthelekisa ahleliwe kwakhona ukuze ahambelane notshintsho kumboniso walonyaka.

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **1.10 Inkcitho**

##### **Iintengiselwano zemali kwii-asethi nakumatyala**

Amatyala ayacinywa xa echongwe njengangenakuphinda afunyanwe. Amatyala acinyiweyo aqingqelwe kwisixa-mali sokulondoloza kunye/okanye sokuchithwa ngaphantsi kwemali yenkxaso efanelekileyo. Ucinyo olwenzekayo ekupheleni konyaka okanye xa inkxaso mali ikhona. Akukho sibonelelo senziweyo sesixa-mali esingenakuhlawuleka kwakhona kodwa isixa-mali sivezwe njengenqaku lesibhengezo.

Yonke ilahleko yamkelwa xa isigunyaziso sinikezelwe ukwamkelwa yayo.

##### **Inkcitho engenanzuzo neyilahleko**

Inkcitho engenanzuzo neyilahleko yamkelwa njenge-asethi kwingxelo yobume bemali kude kufike ixesha apho inkcitho ifumanekayo kwakhona kumntu onoxanduva okanye icinywe njengenakuphinde ifunyanwe kwakhona kwingxelo yokusetyenziswa kwemali.

##### **Inkcitho etenxileyo**

Inkcitho etenxileyo yamkelwa njengencitho kwingxelo yokusetyenziswa kwemali. Ukuba inkcitho ayixolelwa ligunya elifanelekileyo ithathwa njenge-asethi kude kuba iyafumaneka kwakhona okanye icinywe njengemali engenakufumaneka kwakhona.

##### **Udluliselo nezibonelelo**

Udluliselo nezibonelelo zamkelwa njengencitho xa isigunyaziso sokugqibela sentlawulo sisebenza kwinkqubo (ungadliulanga umhla wama-31 kweyoKwindla wonyaka ngamnye).

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **1.11 Intlanganisela yentsalela**

Intlanganisela yentsalela imele umahluko wentsalela ephakathi kwee-asethi zizonke namatyala ewonke equmrhu. Naziphi na iintsalela neentsilela eziphunyeziweyo ngethuba lonyaka-mali othile ziyabuyiselwa/zitsalwe malunga nentsalela/kwintsilelo yentlanganisela. Phambi kolungiso lonyaka, olunxulumene nengeniso kunye nenkcitho, zitsalwa/zibuyiselwe malunga nentsalela yentlanganisela xa ulungiso luqalwa ukwenziwa.

#### **1.12 linkcukacha ngohlahlo lwabiwo-mali**

Uhlahlo lwabiwo-mali oluvunyiweyo lulungiselelwa ngokwesisekelo semali ezinkozo luze luboniswe ngokunxulumanisa udidi lwezozoqoqosho kwiinjongo zesiphumo sokwenziwa komsebenzi.

Uhlahlo lwabiwo-mali oluvunyiweyo lubandakanya ixexha lezemali ukusuka kowama-2018/04/01 ukuya kowama-2019/03/31.

ingxelo zemali yonyaka kunye nohlahlo lwabiwo-mali azinasisekelo sifanayo socwangciso-mali ngoko ke uthlekiso nezixa-mali zihlahlelwe ulwabiwo-mali lwexesha apho ukunika ingxelo sele kufakiwe kwiNgxelo yothelekiso lohlahlo lwabiwo-mali nezona zixa-mali zizizo.

#### **1.13 Amaqela obudlelwane**

Iqela lobudlelwane ngumntu okanye iqumrhu elinako ukulawula okanye lilawule ngokwendibaniselwano nelinye iqela, okanye libenefuthe elibalulekileyo kwelinye iqela okanye ngokuphenduka, okanye iqumrhu eliphantsi kolawulo oluqhelekileyo, okanye ulawulo oluhlangeneyo.

Ulawulo ngamandla okulawula imali nemigaqo-nkqubo esebenzayo yequmrhu ukuze kufumaneka inzuzo kwimisebenzi yalo.

Ulawulo oluhlangeneyo kulwabelwano oluvunyiweyo lolawulo lomsebenzi ngokwamalungiselelo abophelelayo, kwaye ikho kuphela xa isicwangciso semali nezigqibo ezesebenzayo zinxulumene nomsebenzi odinga isivumelwano samxhelo-mnye samaqela olawulo lokwabelana (amadela ngozi).

Intengiselwano yeqela lobudlelwane idluliselwa kwizixhobo, iinkonzo kunye neembophelelo phakathi kwequmrhu elinika ingxelo neqela lobudlelwane, nokuba kungalixabiso elihlawulisiweyo. Ifuthe elibalulekileyo lingamandla okuthatha inxaxheba kwizigqibo zomgaqo-nkqubo nakwezemali zequmrhu, kodwa ingelolawulo lwaloo migaqo-nkqubo.

Ifuthe elimandla ngamandla okuthatha inxaxheba kwimali nakwizigqibo zomgaqo-nkqubo oqhubekayo wequmrhu, kodwa ayilulo ulawulo olungaphezu kwemigaqo-nkqubo.

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **1.13 Amaqela obudlelwane (kuyaqhubeka)**

Ulawulo ngabo bantu banoxanduva lokucwangcisa, ukuyalela nokulawula imisebenzi yequmrhu, kuquka ezo ntlawulo zikunye nolawulo lwequmrhu ngokungqinelana nowiso-mthetho, kwiimeko apho kufuneka kwenziwe imisebenzi enjalo.

Amalungu asondeleyo osapho lomntu anikwa ingqwalasela ukuba abe ngaloo malungu osapho abanolulindeleka ukufaka ifuthe, okanye bafakwe ifuthe, lolawulo lwabo lwemisebenzi nequmrhu.

Iqumrhu liyakhululwa ukuba lixele iimfuno ngokumalunga nokunxulumene neentengiselwano zeqela ukuba lo ntengiselwano yenzeka kubudlelwane bomthengisi oqhelekileyo kunye/okanye umxhasi/umxhamli phantsi kwemimiselo nemiqathango kungekho mkhethe ongaphezulu okanye ngaphantsi kunezo zifaneleke ukulindela iqumrhu lizamkele ukuba liqubisana nequmrhu ngalinye okanye umntu kwiimeko ezifanayo kwaye imimiselo nemiqathango ekwizithintelo ezisebenza ngokuqhelekileyo ezimiselwe ngokwegunya lomthetho wequmrhu elinika ingxelo.

Apho iqumrhu liye lakhululwa ekuxeleni okungqinelana noku kungentla, iqumrhu libhengeza inkcazelo yeenkcukacha malunga nobume bentengiselwano enxulumene nemilinganiselo engekahlawulwa, ukuze abasebenzisi beengxelo zemali yequmrhu babenako ukukuqonda ukusebenza okunxulumene neentengiselwano zeqela kwiingxelo zemali yonyaka.

#### **1.14 Iziganeko emva komhla wokunikwa kwengxelo**

Iziganeko emva komhla wokunikwa kwengxelo yezo ziganeko, ezozibini zizithandwayo nezingathandwayo, ezenzeka phakathi komhla wokunikwa kwengxelo nomhla xa iingxelo zemali zigunyaziselwa ukukhutshwa. Intlobo ezimbini zeziganeko zingachongwa:

- abo babonelela ngobungqina beemeko ezikhoyo ngomhla wokunikwa kwengxelo (iziganeko ezilungisayo emva komhla wokunikwa kwengxelo); kunye
- nezo zizisalathiso zeemeko ezivele emva komhla wokunikwa kwengxelo (iziganeko ezingalungisiyo emva komhla wokunikwa kwengxelo).

Iqumrhu liyakulungisa isixa-mali esamkelweyo kwingxelo yemali ukubonisa ulungiso lwesiganeko emva komhla wokunikwa kwengxelo sakuba isiganeko senzekile.

Iqumrhu liyakuveza ubume besiganeko noqikelelo lokusebenza kwaso semali nengxelo yokuba uqikelelo olunjalo alunakwenziwa ngokubhekiselele kwiziganeko zonke zokungalungisiyo, apho okungavezwanga kunokuba nefuthe kwizigqibo zoqoqosho lwabasebenzisi abathathwe ngokusekelwe kwiingxelo zemali.

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali**

---

#### **1.15 Umgangatho werhafu edityanisiweyo (IRHAFU)**

Iqumrhu liyakhululwa kubhaliso lweRHAFU. Nangona kunjalo, ukuba nayiphi na inkxaso-mali efunyenweyo efuna ukuba iqumrhu libhaliswe njengoMthengisi oRHAFAYO, isicelo esinjalo siya kufakwa.

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

<b>2019</b>	<b>2018</b>
<b>R '000</b>	<b>R '000</b>

## 2. Imigangatho emitsha notoliko

### 2.1 Imigangatho notoliko olusebenzayo neyamkelwe kunyaka omiyo

Kulo nyaka umiyo, iqumrhu lamkele le migangatho nolutoliko lulandelayo oluqala kunyaka-mali omiyo nokulungele imisebenzi yalo:

#### Umgangatho/ Utoliko:

- i-GRAP yoku-1 (njengoko kulungisiwe ngowama-2018): Umboniso weeNgxelo zeMali
- i-GRAP yesi-2 (njengoko kulungisiwe ngowama-2018): liNgxelo zokuHanjiswa kweMali
- i-GRAP yesi-3 (njengoko kulungisiwe ngowama-2018): ImiGaqo yoCwangciso-mali, uTshintsho kuQikelelo loCwangciso-mali neZiphoso
- i-GRAP ye-9 (njengoko kulungisiwe ngowama-2018): INgeniso evela kwiiNtengiselwano zoNaniselwano
- i-GRAP ye-12 (njengoko kulungisiwe ngowama-2018): Izintlu zempahla
- i-GRAP ye-14 (njengoko kulungisiwe ngowama-2018): IziGaneko emva kweXesha lokunikwa kweNgxelo
- i-GRAP ye-19 (njengoko kulungisiwe ngowama-2018): IZibonelelo, Amatyalala Anokwenzeka ne-Asethi Ezinokwenzeka
- i-GRAP yama-23 (njengoko kulungisiwe ngowama-2018): INgeniso evela kwiiNtengiselwano eziNgezozaNaniselwano

#### Umhla wokuqalisa: Ekuqaleni okanye emva kwemiNyaka

Owoku-1 kuTshazimpuzi wama- 2018	Ifuthe elilindelekileyo: alibonakali.
Owoku-1 kuTshazimpuzi wama- 2018	Ifuthe lolungiso alibonakali.
Owoku-1 kuTshazimpuzi wama- 2018	Ifuthe lolungiso alibonakali.
Owoku-1 kuTshazimpuzi wama- 2018	Ifuthe lolungiso alibonakali.
Owoku-1 kuTshazimpuzi wama- 2018	Ifuthe lolungiso alibonakali.
Owoku-1 kuTshazimpuzi wama- 2018	Ifuthe lolungiso alibonakali.
Owoku-1 kuTshazimpuzi wama- 2018	Ifuthe lolungiso alibonakali.
Owoku-1 kuTshazimpuzi wama- 2018	Ifuthe lolungiso alibonakali.

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

IiNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka**

---

- i-GRAP yama-24 (njengoko kulungisiwe ngowama-2016): UMboniso weeNkcukacha zoHlahlo lwabiwo-mali kwiiNgxelo zeMali      Owoku-1      Ifuthe lolungiso kuTshazimpuzi wama-2018      alibonakali.
- i-GRAP ye-104 (njengoko kulungisiwe ngowama-2018): IziXhobo zeMali      Owoku-1      Ifuthe lolungiso kuTshazimpuzi wama-2018      alibonakali.
- i-GRAP ye-17 (njengoko kulungisiwe ngowama-2018): IPropati, uMzimveliso neZixhobo      Owoku-1      Ifuthe lolungiso kuTshazimpuzi wama-2018      alibonakali.



## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

#### 2.2 Imigangatho notoliko okukhutshiweyo, kodwa kungekasebenzi

Iqumrhu alikayisebenzisi imigangatho notoliko, eshicilelweyo negunyazisiweyo ngexesha locwangciso-mali lwequmrhu ekuqaleni okanye emva kowoku-1 kuTshazimpuzi wama-2019 okanye emva koko:

##### UMgangatho/ UToliko:

- i-GRAP yama-34: IiNgxelo zeMali ngokwaHlukeneyo
- i-GRAP yama-35: IiNgxelo zeMali ngokuManyeneyo
- i-GRAP yama-36: Utyalomali kuManyano noNgenelo oluDibeneyo
- i-GRAP yama-37: AmaLungiselelo ngokuDibeneyo
- i-GRAP yama-38: UkuVezwa kweMidla kwaManye amaQumrhu
- i-GRAP yama-20: Amaqela obudlelwane
- i-GRAP yama-32: AmaLungiselelo eMvume yeNkonzo: uMnikeli
- i-GRAP ye-108: IiNtlawulo ezifumaneki ngokuseMthethweni
- i-GRAP ye-109: UCwangciso-mali oluyiNtloko nee-Arhente

##### Umhla wokuqalisa: Ekuqaleni okanye emva konyaka

- | Umhla wokuqalisa: Ekuqaleni okanye emva konyaka | Ifuthe elilindelekileyo:              |
|---|---------------------------------------|
| Owoku-1 kuTshazimpuzi wama-2020                 | Ngeliswha akukho futhe liyakubonakala |
| Owoku-1 kuTshazimpuzi wama-2020                 | Ngeliswha akukho futhe liyakubonakala |
| Owoku-1 kuTshazimpuzi wama-2020                 | Ngeliswha akukho futhe liyakubonakala |
| Owoku-1 kuTshazimpuzi wama-2020                 | Ngeliswha akukho futhe liyakubonakala |
| Owoku-1 kuTshazimpuzi wama-2019                 | Ngeliswha akukho futhe liyakubonakala |
| Owoku-1 kuTshazimpuzi wama-2019                 | Ngeliswha akukho futhe liyakubonakala |
| Owoku-1 kuTshazimpuzi wama-2019                 | Ngeliswha akukho futhe liyakubonakala |
| Owoku-1 kuTshazimpuzi wama-2019                 | Ngeliswha akukho futhe liyakubonakala |

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000

#### 3. Imali ezinkozo nokulingana nayo

Imali ezinkozo nokulingana nayo kuquka:

Iintsalela ebhankini	2 751	1 831
----------------------	-------	-------

#### Uhlobo lwetyala lemali ezinkozo neediphozithi zexesha elifutshane, ngaphandle kwaleyo isesandleni

Imali ezinkozo nokulingana nayo ziquka imali ezinkozo nokwexesha elifutshane, utyalo oluthengiseka lula kakhulu olubanjwe kunye namaziko ebhanki abhalisiweyo ekunye nokwanda kweenyanga ezintathu okanye ngaphantsi kwaye ephantsi komngcipheko wemali yengeniso engabalulekanga, isixa-mali esiphethweyo zothelekelelo lwezi asethi kwixabiso elifanelekileyo.:

#### 4. Intlawulo efunyenweyo evela kwiintengiselwano zonaniselwano

Intlawulo ezifunyenweyo	239	137
Inzala eyongezelelekileyo	3	2
Isibonelelo setyala elithandabuzekayo	-	(12)
	242	127

Intlawulo ezifunyenweyo zihlelwe ngendleko yobuyiselo lwemali. Ixabiso elifanelekileyo lweentengiselwano zentlawulo ezifanelekileyo ezisondele kwixabiso elifanelekileyo.

#### 5. Intlawulo ezivela kwiintengiselwano zonaniselwano

Intlawulo zorhwebo	2	13
Ingeniso efunyenwe kwangaphabili	977	683
Inkcitho eyongezelelekileyo	85	-
IiDiphozithi ezibuyiselwe nguMthengi	119	-
	1 183	696

Intlawulo zihlelwe ngendleko yobuyiselo lwemali. Ixabiso elifanelekileyo leentlawulo zentengiselwano ezisondele kwixabiso lazo elifanelekileyo

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000
<b>6. Imirhumo evela kumaziko</b>		
Ingeniso yengqeshiso	1 961	1 786

Ukunyuka kwingeniso yengqeshiso kungenxa yenkqubo yokubhukisha okutsha kwi-intanethi, utshintsho kwinkqubo yokuhlawulisa noluhlu lwentlawulo yerhafu yokusetyenziswa kwamaziko kwanokunyusa izinga lokukhuthazwa kwamaziko kuluntu ngokusebenzisa amajelo ohlukileyo. Ukongeza koku, amaSebe kaRhulumente waseNtshona Koloni ukhethe amaziko njengeendawo zentlanganiso neqhinga lokucwangcisa ngenxa yomlinganiselo wokunqanda ukwanda kwempembelelo ekhutshwe nguNondyebo kaZwelonke.

### 7. Ingeniso yenzala

Inzala efunyenweyo	129	180
--------------------	-----	-----

Ukuncipha kungenxa yokubekelwa ngaphantsi kunyaka ophantsi kophononongo.

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000
<b>8. Enye ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano</b>		
Amatyala asemva afumanekileyo	6	1
Amabango e-inshorensi	1 039	18
Ingeniso yengqeshiso - Umonakalo	1	-
Ingeniso yengqeshiso: Indawo yokuhlala abaqeshwa	119	116
	<b>1 165</b>	<b>135</b>

#### Ibangole-inshorensi:

Angaphezulu amabango athe amiselwa xa kuthelekiswa nawonyaka-mali ongaphambili, ingenxa yohlaselo lokutshisa kwiziko lenkcubeko e-Okkie Jooste.

#### 9. Enye ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano

Umnikelo: linkonzo zesis	590	546

Ngokweenkcukacha kuMnikelo: linkonzo zesis khangela kwintetho ekwinqaku le-14

#### 10. Udluliselo nezibonelelo ezifunyenweyo

Utshintshelo olufunyenweyo	1 506	1 183

Intlawulo yodluliselo efunyenwe kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000
<b>11. IPropati, uMzimveliso neZixhobo</b>		
Izongezelelo	-	146
Okulahliweyo	-	(146)
	-	-

Ukuqinisekisa ukuba ulawulo lwe-asethi luyasebenza, lo msebenzi ubekwe phantsi kolawulo phakathi kwiSebe (DCAS). I-Grap ye-17, iPropati, umzimveliso nezixhobo (ubuyekezo lwemali yee-asethi), zasetyenziswa kwi-akhawunti njengomnikelo onexabiso ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019. Usetyenziso lomnikelo wee-asethi luqukwe kwintsilelo ngonyaka-mali wama-2017/18.

Ngonyaka ophantsi kophononongo, azikho ii-asethi ezidluliselwe kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

### 12. Imirhumo yophicotho-zincwadi

Uphicotho-zincwadi lwangaphandle	94	153
	94	153

Unxaxho ubukhulu bubangwa yindlela entsha yophicotho-zincwadi we AGSA.

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000
<b>13. lindleko ngokubanzi</b>		
Ityala elibi licinyiwe	24	-
Iintlawulo zebhanki	8	8
IiNgcebiso neenkonzo zangaPhandle	4	-
Iivenkile ezisebenzisekayo	58	132
Isigidimi neenkonzo zokuhambisa iileta nezinye izinto	1	1
Iminikelo	-	146
Iindleko zomqeshwa: linkonzo zesisa	590	546
Ezolonwabo	51	47
Izixhobo ezingaphantsi kwama-R5000	7	2
Ilineni nokufaka ifenitshala etofotofo	48	263
Ulonolozo, ulungiso neendleko eziqhubayo	295	228
Ushicilelo, izinto zokubhala nokufunda kunye nopapasho	48	39
Inkcitho yepropati	3 263	2 914
Ukuhlaziywa kwelayisenisi ye-Software	18	17
Uhambo nesibonelelo sokuphila	51	93
Iyunifomu nempahla ekhuselayo	30	32
	<b>4 496</b>	<b>4 468</b>

#### Abacebisi neenkonzo zangaphandle:

Ngethuba lonyaka ophantsi kophononongo, abaququzeleli baye baqeshwa ukuze baqhuba ucweyo lwe-Best Practice Model yamaBhunga eNkcubeko ababhalisileyo.

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000

#### livenkile ezisebenzisekayo

Ukuncipha kungenxa yokuhla kwerhasi ethengwe kumaziko enkcubeko njengeziko elinye yavalwa ngethuba lonyaka ophantsi kophononongo.

#### Amatyala amabi acinyiweyo:

Amatyhala angenakubasafumaneka acinyiweyo.

#### Iminikelo:

Ngethuba lonyaka-mali wama-2017/18 ii-asethi zanikezelwa kwisebe.

#### Iindleko zomqeshwa: linkonzo zesisa:

Amagosa eSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ifezekisa imisebenzi yesebe lombuso olawulayo kunye nolawulo olunxulumene neKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni. Abasebenzi besebe abanika inkxaso kwiQumrhu loLuntu baquka iCandelo leGosa leMali eliyiNtloko: ubuGcisa, iNkcubeko neeNkonzo zeeLwimi, umsebenzi oqondene neCandelo elichazwe ngentla kwakunye neqela elizinikezeleyo loLawulo lweMali elinika inkxaso kwiGosa leMali eliyiNtloko. Ngelixa abasebenzi nabaLawuli abaPhezulu abaqondene nomsebenzi bezalisekisa indima-mbini, iqela lolawulo lwemali, elizinikezele kwiQumrhu loLuntu. Ngenxa yendima-mbini edlalwa ngabasebenzi abaninzi abangentla, kunzima ukwaba ixesha elichithwe namaQumrhu oLuntu. Inkonzo yesisa enxulumene nemivuzo yabo ayinakulinganiswa ngokuthembekileyo. Ulwamkelo ngoko lunxulumene kuphela kukuzinikezela kweqela lemali elinika inkxaso kwi-CFO kuphunyezo lwendima yakhe njenge- CFO kwiQumrhu loLuntu neSebe. Isixa-mali esibhengeziweyo ngoko ke simele iinkonzo zesisa ezibonelelwa kuphela liqela lemali.

#### Ilineni nokuFakwa kwefenitshala etofotofo:

Ngethuba lonyaka-mali wama-2017/18 iqumrhu lithenge iikhetini zamaziko ahlukeneyo.

#### INkcitho yePropati:

Ukuncipha ubukhulu kubangwa kukunyuka kwentlawulo yerhafu yamanzi ngumasipala ngokusebenzisa amanzi.

#### Uhambo nesibonelelo sokuphila:

Unyaka-mali uquka indleko yokuhamba yamalungu amabini asuka eGeorge. Ixesha labo lobulungu lifikelele esiphelweni kweyoMsintsi wama-2018.

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNngxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNngxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000
<b>14. Imirhumo yamalungu</b>		
uBaard, P	2	-
uBasse, B	6	9
uBlaai, M	1	-
uCrous, J	3	6
uFani, C	6	6
uFefeza, P	5	6
uGingcana, M	1	-
uHerschelle, B	3	-
uJama, Z	2	2
uJoko, P	3	-
uJoubert, J	2	-
uKamaldien, Y	-	3
uKindo, W	3	5
uLe Fleur, A	3	6
uLe Roux, N	3	5
uLoubser, H	2	-
uMalamlela, M	1	-
uMazinyo, M	-	2
uMobbs, JB	2	4
uNokwaza, L	3	-
uNongalaza, MG	2	2
uPonoane, NG	-	2
uRall, M	2	-
uRyke, E	2	-
uSampson, V	3	-
uSebgoane, A	-	2
uWitbooi, J	3	2
	<b>63</b>	<b>62</b>



## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000
<b>15. Udluliselo nezibonelelo</b>		
AmaBhunga eNkcubeko	150	30
Ukwanda kwinani lezicelo ezifunyenweyo ezivela kumabhunga enkcubeko ngethuba lonyaka ophantsi kophononongo.		
<b>16. Imali ezinkozo eveliswe (isetyenziswe phakathi) kwimisebenzi</b>		
Intsalela (intsilelo)	548	(883)
<b>Ukulungelelaniswa kwee:</b>		
Ntshukumo kulongezelelo	85	-
Ityala elibi elicinyiweyo	24	-
<b>Uguquko kwimali-nkunzi esebenzayo:</b>		
Iintlawulo ezifunyenwe kwiintengiselwano zonaniselwano	(127)	(27)
Ezinye iintlawulo ezifunyenwe kwiintengiselwano ezingezozananiselwano	(12)	-
Iintlawulo ezimele ukuhlawulwa ezivela kwiintengiselwano zonaniselwano	402	(164)
	<b>920</b>	<b>(1 074)</b>

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000
<b>17. Izibophelelo</b>		
<b>Inkcitho egunyazisiweyo esebenzayo</b>		
<b>Okuvunyiweyo nokuvunyelwene ngako</b>		
□ Groot Drakenstein: UKhuseleko oluNomahluko oKhethekileyo	-	159
□ Okkie Jooste: UKhuseleko oluNomahluko oKhethekileyo	-	160
□ Bien Donne Manor House: iPaarl AC Rottweiler	-	4
□ Melkbos Cultural Centre: i-ADT Security	5	4
□ Melkbos Oppiesee: i-ADT Security	5	4
	<b>10</b>	<b>331</b>
<b>Okuvunyiweyo kodwa kungekavunyelwana ngako</b>		
□ Groot Drakenstein: UKhuseleko oluNomahluko oKhethekileyo	40	-
□ Okkie Jooste: UKhuseleko oluNomahluko oKhethekileyo	41	-
	<b>81</b>	<b>-</b>
<b>Zizonke iimbophelelo ezisebenzayo</b>		
Okuvunyiweyo nokuvunyelwene ngako	10	331
Okuvunyiweyo kodwa kungekavunyelwana ngako	81	-
	<b>91</b>	<b>331</b>
<b>Le nkcitho izakuxhaswa ngemali evela</b>		
<b>Kwiimbophelelo zizonke</b>		
Inkcitho egunyazisiweyo esebenzayo	91	331

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNngxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNngxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000

#### 18. Amaqela obudlelwane

Ulwalamano

- UMniki-nkxaso oyiNtloko
- UMniki-nkxaso oCwangcisayo
- UMniki-nkxaso oCwangcisayo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo  
IKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni  
ILifa lemveli leNtshona Koloni

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (i-DCAS) libonelela ngendawo yokuhlala kwiKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukuphumelelisa ulawulo lwabo nemisebenzi yemali.

#### Iintengiselwano zeqela lobudlelwane

##### Ingeniso efunyenwe kumaqela obudlelwane

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

1 506

1 183

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNngxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNngxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000

#### 19. Ulawulo lomngcipheko

Imisebenzi yequmrhu lizibeke kwiintlobo ntlobo zemingcipheko yemali: umngcipheko wemarike (umngcipheko wezinga lenzala yexabiso elifanelekileyo, umngcipheko wezinga lenzala yokuhanjiswa kwemali, umngcipheko wetyala nomngcipheko wamatyala.

##### Umngcipheko wamatyala

Umngcipheko wamatyala ngumngcipheko iqumrhu elingenakubanako ukufezekisa iimbophelelo zalo zemali njengoko kufuneka kuhlawulwe. Ngokumalunga neemfuneko zokuboleka zalo, iqumrhu liqinisekisa ukuba inkxaso-mali eyaneleyo ikhona ukufezekisa oko kulindelekileyo neembophelelo ezingalindelekanga zemali. Zonke ii-akhawunti zomlinganiselo wamatyala ekufuneka ehlawulwe makahlawulwe zingaphelanga iintsuku ezingama-30 zomhla wokunikwa kwengxelo.

Uhlalutyo lobuthathaka

KweyoKwindla wama-31 wama-2019, ukuba izinga lenzala kwizixhobo zemali kwizinga elitshintshatshintshayo beliyipesenti enye ngaphezu/ngaphantsi nolunye lonke utshintshatshintshwano luzingisa, intsalela yonyaka ibizakuba ngaphezu/ngaphantsi kwama-R 21 016.

##### Umngcipheko wetyala

Umngcipheko wetyala ubhekisa kumngcipheko wokuba ukuhamba kunye kuya kusilela kwiimbophelelo zalo zesivumelwano okubanga ukulahleka kwemali kwiqumrhu. Iqumrhu lamkele umgaqo-nkqubo wokuqubisana namaqabane anokunikwa ngetyala.

Umngcipheko wetyala uquka ubukhulu iidiphozithi zemali ezinkozo, okulingana nemali ezinkozo, izixhobo zemali evela kwenye nababolekisi borhwebelwano. Iqumrhu lidiphozitha kuphela imali ezinkozo neebhanki ezinkulu ezinomgangatho ophezulu wokulungela amatyala nomda wokuziveza kubo nakobuphi na ubunye bobuqabane

Akukho mda wokunikwa ityala ugqithisileyo ngethuba lexesha lokunikwa kwengxelo, kwaye nolawulo alulindelanga nayo nayiphi na ilahleko evela ekungenziweni kakuhle umsebenzi ngala maqabane.

Ukungakhuseleki okukhulu kumngcipheko wetyala

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

	2019	2018
	R '000	R '000

Ukungakhuseleki kwequmrhu kumngcipheko wetyala malunga neemali-mboleko neentlawulo ezifunyenweyo zijoliswe kuphela kwisixa-mali esikwiphepha lokubonisa ungqinelwano lwezinto ezithengiweyo neerhisithi.

#### Umngcipheko wemarike

Iqumrhu likhuselekile kumngcipheko wemarike, ngenxa yemfuneko yalo ukuhlawula umboleki zingaphelanga iintsuku ezingama-30 zokufunyanwa kwe-invoyisi njengoko kufunwa yimimiselo kanondyebo ne-PFMA.

#### Umngcipheko wezinga lenzala

Iprofayili yomngcipheko wequmrhu uquka imali-mboleko esisigxina nelitshintshatshintshayo nentsalela esebhankini eyenza iqumrhu lingakhuseleki kumngcipheko wezinga lenzala kwixabiso elifanelekileyo nomngcipheko wezinga lenzala yokuhanjiswa kwemali kwaye ingashwankathelwa ngolu hlobo:

li-asethi zemali

Urhwebo nezinye iintlawulo ezifunyenweyo zikwizinga elisisigxina. Abalawuli balawula umngcipheko wezinga lenzala ngokuthetha-thethwano namazinga oncedo kwimali-mboleko yezinga elitshintshatsintshayo nalapho kunokwenzeka kusetyenziswa iimali-mboleko zezinga elisisigxina.

Ulawulo lunomgaqo-nkqubo olinganisela inzala kwimali-mboleko ye-asethi kunye nenzala ehlawulwa kumatyala.

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

IiNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

		2019	2018			
		R '000	R '000			
<b>Umngcipheko wezinga lenzala lemali ezinkozo</b>						
<b>Isixhobo semali</b>		Okufuneka kuhlawulw e ngaphantsi konyaka	Okufuneka kuhlawulw e kunyaka omnye ukuya kowsibini	Okufuneka kuhlawulw e kwiminyak a emibini ukuya kwemithat hu	Okufuneka kuhlawulw e kwiminyak a emithathu ukuya kwemine	Okufuneka kuhlawulw e kwiminyaka emihlanu
Imiqathango yemali ezinkozo yetyala eliqhelekileyo kumaziko eebhanki ngoku lintlawulo – Imiqathango yetyala elandisiweyo		2 751	-	-	-	-
		(87)	-	-	-	-
		<u>2 664</u>	<u>-</u>	<u>-</u>	<u>-</u>	<u>-</u>
Isixa-mali esiseleyo		-	-	-	-	-
Obekufuneka kuhlawulwe kwixesha elidlulileyo kodwa kungabonelelwanga						
Isixhobo semali 032019	Ngoku	Okufuneka kuhlawulwe kwiintsuku zoku-1-30	Okufuneka kuhlawulwe kwiintsuku ezingama- 31-60	Okufuneka kuhlawulwe kwiintsuku ezingama- 61-90	Okufuneka kuhlawulwe kwiintsuku ezingama- 90+	Kukonke
Urhwebo nezinye iintlawulo ezifunyenweyo – imiqathango yetyala eliqhelekileyo		44	14	50	48	83
		<u>44</u>	<u>14</u>	<u>50</u>	<u>48</u>	<u>239</u>

## IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka

		2019				2018	
		R '000				R '000	
Isixhobo semali 032018	Ngoku	Okufuneka kuhlawulw e kwiintsuku zoku-1-30	Okufuneka kuhlawulw e kwiintsuku ezingama- 31-60	Okufuneka kuhlawulw e kwiintsuku ezingama- 61-90	Okufunaka kuhlawulw e kwiintsuku ezingama- 90+	Kukonke	
Urhwebo iintlawulo ezifunyenweyo	nezinye	45	3	3	20	66	137
		45	3	3	20	66	137

## **IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

liNgxelo zeMali yoNyaka zonyaka ophela ngowama-31 kweyoKwindla wama-2019

### **AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali yoNyaka**

	<b>2019</b>	<b>2018</b>
	<b>R '000</b>	<b>R '000</b>

#### **20. Unxaxho lohlahlo lwabiwo-mali**

**Unxaxho lwezinto phakathi kohlahlo lwabiwo-mali nesona sixa-mali**

##### **20.1 Imirhumo evela kumaziko**

Unxaxho ubukhulu bungenxa yotshintsho kwimirhumo ehlawuliswe ngokusetyenziswa kwamaziko enkcubeko.

##### **20.2 Ingeniso yenzala**

Unxaxho kufuneka luhlawulwe kwinzala engaphezulu kwenye njengomphumela wophunyezo lwerhafu ehlaziyiweyo ngokusebenzisa amaziko enkcubeko.

##### **20.3 Enye ingeniso evela kwiintengiselwano zonaniselwano**

Enye ingeniso engahlalelwanga lwabiwo-mali ubukhulu ibifunyenwe kumabango e-inshorensi ngenxa yohlaselo lotshiso kwiziko leNkcubeko lase-Okkie Jooste.

##### **20.4 Enye ingeniso – i-akhawunti yotyalo-mali**

Enye ingeniso: Imali ezinkozo ebekiweyo ibiqukwe kuhlahlo lwabiwo-mali kwinkxaso-mali yolungiso nolondolozo lwamaziko enkcubeko.

##### **20.5 Enye ingeniso evela kwiintengiselwano ezingezozananiselwano**

Iintengiselwano ezingezozananiselwano: I-GRAP yama-23 yeminikelo/ulungiso lwendleko yomqeshwa yenzelwe iinkonzo zesisa ezifunyenwe kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo. Khangela kwinqaku le-13 ukufumana iinkcukacha ezongezelelekileyo.

##### **20.6 Inkcitho ngokubanzi**

Inkcitho engaphezulu ibangwe lulungiso lokungengokwamali izinkozo zeNdleko yoMqeshwa: Inkonzo yesisa.





**Wes-Kaapse  
Regering**

Kultuursake en Sport



Western Cape Cultural Commission  
Wes-Kaapse Kultuurkommissie  
Ikhomishoni yeNkcubeko YeNtshona Koloni



**Jaarverslag**  
2018/2019

## INHOUD

<b>DEEL A: ALGEMENE INLIGTING .....</b>	<b>4</b>
1. OPENBARE ENTITEIT SE ALGEMENE INLIGTING .....	5
2. LYS VAN AFKORTINGS/AKRONIEME .....	6
3. VOORWOORD DEUR DIE VOORSITTER .....	7
4. OORSIG VAN REKENPLIGTIGE GESAG .....	9
5. VERKLARING VAN VERANTWOORDELIKHEID EN BEVESTIGING VAN DIE AKKURAAKTHEID VAN DIE JAARVERSLAG .....	11
6. STRATEGIESE OORSIG .....	12
6.1. Visie .....	12
6.2. Missie .....	12
6.3. Waardes .....	12
7. WETGEWENDE EN ANDER MANDATE .....	13
8. ORGANISATORIESE STRUKTUUR .....	16
<b>DEEL B: PRESTASIE-INLIGTING .....</b>	<b>17</b>
1. OUDITEURSVERSLAG: VOORAFBEPAAKDE DOELWITTE .....	18
2. SITUASIE-ANALISE .....	18
2.1. Diensleweringomgewing .....	18
2.2. Organisasoriese Omgewing .....	19
2.3. Sleutel beleidsontwikkelings en wetgewende veranderings.....	19
2.4. Strategiese uitkomsgeoriënteerde doelstellings.....	19
3. PRESTASIE-INLIGTING VOLGENS PROGRAM/ AKTIWITEIT/ DOELWIT .....	20
4. Invordering van inkomste.....	23
4.1. Kapitale Belegging.....	23
<b>DEEL C: BEHEER .....</b>	<b>24</b>
1. INLEIDING .....	25
2. PORTEFEULJEFKOMITEES (Waar van toepassing) .....	25
3. UITVOERENDE GESAG .....	25
4. DIE WES-KAAPSE KULTURKOMMISSIE.....	26
5. RISIKOBESTUUR .....	36
6. INTERNE BEHEERENHEID .....	40
7. INTERNE OUDIT EN OUDITKOMITEES.....	40
8. VOLDOENING AAN WETTE EN REGULASIES .....	41
9. BEDROG EN KORRUPSIE.....	41

10.	BEPERKING VAN KONFLIK VAN BELANGE .....	42
11.	GEDRAGSKODE.....	42
12.	GESONDHEID, VEILIGHEID EN OMGEWINGSKWESSIES .....	43
13.	MAATSKAPPY/RAADSEKRETARIS (Waar van toepassing) .....	43
14.	MAATSKAPLIKE VERANTWOORDELIKHEID .....	43
15.	OUDITKOMITEEVERSLAG RT.....	43
	<b>DEEL D: MENSLIKE HULPBRONBESTUUR .....</b>	<b>45</b>
1.	MENSLIKEHULPBRON-OORSIGSTATISTIEK .....	46
	<b>DEEL E: FINANSIËLE INLIGTING .....</b>	<b>47</b>
1.	VERSLAG VAN DIE EKSTERNE OUDITEUR.....	48
2.	FINANSIËLE JAARSTATE .....	55

## DEEL A: ALGEMENE INLIGTING

---

## 1. OPENBARE ENTITEIT SE ALGEMENE INLIGTING

<b>GEREGISTREERDE NAAM:</b>	Wes-Kaapse Kultuurkommissie
<b>REGISTRASIENOMMER (waar van toepassing):</b>	Nie van toepassing
<b>STRAATADRES:</b>	3de Vloer, Protea Assuransiegebou Groentemarkplein Kaapstad, 8001
<b>POSADRES:</b>	Posbus 1775 Kaapstad 8001
<b>WKKK SEKRETARIAAT</b>	Mnr Thandwa Ntshona
<b>TELEFOONNOMMER/S:</b>	+27 21 483 9714/9672
<b>FAKSNOMMER:</b>	+27 21 483 9711
<b>E-POSADRES:</b>	Thandwa.Ntshona@westerncape.gov.za
<b>ADRES VAN WEBWERF:</b>	<a href="http://www.westerncape.gov.za">www.westerncape.gov.za</a>
<b>EKSTERNE OUDITEURE:</b>	Ouditeur-generaal Suid-Afrika Century City, Kaapstad, 8000
<b>BANKIERS:</b>	Nedbank 5e Vloer Nedbank Kloktoring V&A Waterfront Kaapstad 8001

## 2. AFKORTINGS/AKRONIEME

OGSA	Ouditeur-generaal van Suid-Afrika
LUR	Lid van die Uitvoerende Raad
BSEB	Breëbasis-Swart Ekonomiese Bemagtiging
HFB	Hoof- Finansiële Beampte
WOFB	Die Wet op Openbare Finansiële Bestuur
TR	Tesourieregulasies
MTUR	Mediumtermyn-uitgaweraamwerk
KMMO	Klein, Medium en Mikro-ondernemings
RO	Rekeningkundige owerheid
D:ORM	Direktoraat Ondernemings- en Risikobestuur
DKES	Departement van Kultuur en Sport
WKKK	Wes-Kaapse Kultuurkommissie
RBPI	Raamwerk vir Bestuur van Prestasie-inligting
DVOW	Departement van Vervoer en Openbare Werke
ORB	Ondernemingsrisikobestuur
ORBKEK	Ondernemingsrisikobestuur en Etiekkomitee
Sel	Sentrum vir e-Innovasie
HGB	Hele-gemeenskap-benadering
DGV	Departement van Gemeenskapsveiligheid

### 3. VOORWOORD DEUR DIE VOORSITTER



